# Isiqulatho


**Intshayelelo**

**Isetyenziswa njani le ncwadi . . . . . . . . . . . . . . . v**

**Ikota yoku-1**

**Isihloko soku-1 Malunga nam . . . . . . . . . . . . . . . . .1**

Sikhethekile kwaye sahlukile . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 9
Izinto endinokuzenza. . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 11
Ngaba ndifana njani nabahlobo bam? . . . . . . . . . . 14
Ngaba ndohluke njani kubahlobo bam? . . . . . . . . . 15
Makhe sijonge. . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 18
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Malunga nam . . 19

**Isihloko sesi-2 Esikolweni . . . . . . . . . . . . . . . . . . 20**

Igama lesikolo, utitshala kunye nenqununu . . . . . . 26
Apho ufumana khona iindawo ezahlukileyo esikolweni . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 28
imisebenzi yesiqhelo nemithetho yegumbi lokufundela . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 30
Ndiya njani esikolweni?. . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 34
Makhe sijonge. . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 36
Iphetshana lokusebenzela loku-1. . . . . . . . . . . . . . . 37

**Isihloko sesi-3 Iindlela zokuphila ezisempilweni 38**

Ukutya ukutya okusempilweni . . . . . . . . . . . . . . . . 44
Ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwegumbi langasese . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 47
Ukuzigcina ucocekile. . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 48
Ukuzilolonga rhoqo nokudlala . . . . . . . . . . . . . . . . 49
Makhe sijonge. . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 51
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Iindlela zokuphila ezisempilweni . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 52

**Isihloko sesi-4 Imozulu . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 53**

Imozulu kunye nathi . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 60
Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo . . 62
Makhe sijonge. . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 65
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Imozulu . . . . . . . 66
Uhlolo olusesikweni Ikota yoku-1 imemorandam . . 67

**Ikota yoku-2**

**Isihloko sesi-5 Usapho lwam . . . . . . . . . . . . . . . . 68**

Yintoni usapho . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 72
Amalungu osapho lwam . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 74
Ukukhathalelana ekhaya . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 76
Makhe sijonge. . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 79
Iphetshana lokusebenzela lesi-2: Usapho lwam . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 80
Iphetshana lokusebenzela lesi-2: Usapho lwam . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 81
Imemorandam . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 82

**Isihloko sesi-6 Ukhuseleko emakhaya. . . . . . . . 83**

Ukuzigcina ukhuselekile xa uwedwa ekhaya . . . . . . 89
Ikhadi leenombolo zikaxakeka . . . . . . . . . . . . . . . . 91
Makhe sijonge. . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 93
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Ukhuseleko ekhaya . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 94
Imemorandam . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 95

**Isihloko sesi-7 Umzimba wam . . . . . . . . . . . . . . 96**

Amalungu omzimba ohlukeneyo. . . . . . . . . . . . . . . 101
Amalungu ahlukeneyo omzimba wam ashukumayo . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 106
Amalungu omzimba endingawaboniyo. . . . . . . . . . 111
Izivo ezihlanu kunye nokusetyenziswa kwazo . . . . 113
Makhe sijonge. . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 115
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Umzimba wam 116

**Isihloko sesi-8 Ukugcina umzimba wam ukhuselekile . . . . . . . . . . . . . . . . 117**

Iimvakalelo u'Ewe' kunye no'Hayi'. . . . . . . . . . . . 123
Ukuziqhelisa ukuthi 'Hayi' . . . . . . . . . . . . . . . . . . 125
Makhe sijonge. . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 131
Iphepha lomsebenzi loku-1: Ukugcina umzimba wam ukhuselekile . . . . . . . . . 132
Uhlolo olusesikweni Ikota yoku-2 imemorandam . 133

**Ikota yoku-3**

**Isihloko se-9 Uluntu lwasekuhlaleni .........134**
Iindawo ezikwindawo endihlala kuyo .......... 138
Abantu basekuhlaleni ...................... 140
Ukujongana namaziko oncedo kwindawo yam yokuhlala .......................... 143
Ukugcina iindawo zicocekile ................. 145
Masikhangele ............................ 147
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Uluntu lwasekuhlaleni ........................... 148
Imemorandam .......................... 149

**Isihloko se-10 Izilwanyana zasekhaya .......150**
Izilwanyana esinokuzifuya emakhaya .......... 154
Ukuphatha izilwanyana kakuhle .............. 162
Makhe sijonge ........................... 164
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Izilwanyana zasekhaya ..................... 165

**Isihloko se-11 Ukuhlonipha noxanduva ......167**
Ukubulisa abantu esibaziyo nesingabaziyo ...... 171
Ukulinda elam ithuba ...................... 175
Ukunyaniseka ........................... 180
Ukuhlonipha abanye abantu nezinto zabo ...... 182
Makhe sijonge ........................... 184
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Ukuhlonipha noxanduva .................... 185

**Isihloko se-12 Izityalo nembewu ............187**
Imbewu nemvelaphi yayo ................... 203
Makhe sijonge ........................... 211
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Izityalo nembewu ............................... 212
Imemorandam .......................... 213

**Isihloko se-13 Ukutya .....................214**
Ukutya esikutyayo ........................ 218
Zivela phi iintlobo zokutya .................. 220
Ukutya okusempilweni ..................... 223
Ukugcina ukutya ......................... 226
Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo . 228
Makhe sijonge ........................... 230
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo . 231
Uhlolo olusesikweni Ikota yoku-3 imemorandam . 232

**Ikota yoku-4**

**Isihloko se-14 Amakhaya ................. 233**
Iindidi zamakhaya ........................ 237
Izindlu ezilungele iimo zezulu ezahlukeneyo ..... 239
Amakhaya ethu enziwe ngantoni ............. 241
Makhe sijonge ........................... 244

**Isihloko se-15 Iimephu zemifanekiso ........ 245**
Ukufumana iindawo nezinto kwimephu yemifanekiso ......................... 249
Ukufumana indlela esuka kwenye indawo uye kwenye ............................. 251
Makhe sijonge ........................... 256
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Iimephu zemifanekiso ......................... 257
Imemorandam .......................... 258

**Isihloko se-16 Amanzi ................... 259**
Imisebenzi yamanzi ekhaya nasesikoweni ....... 263
Iindlela esiwasebenzisa ngayo amanzi esikolweni . 264
Iindlela amanzi amoshwa ngazo .............. 268
Iindlela zokonga amanzi .................... 269
Amanzi okusela afanelekileyo nangafanelekanga 270
Ukugcina amanzi ecocekile .................. 272
Makhe sijonge ........................... 273
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Amanzi ....... 274

**Isihloko se-17 Isibhakabhaka ebusuku ...... 275**
Ukutshintsha kwemini kungene ubusuku ........ 279
Inkangeleko yesibhakabhaka ebusuku ......... 282
Inyanga ................................ 283
Iinkwenkwezi ............................ 285
Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo . 286
Makhe sijonge ........................... 289
Iphetshana lokusebenzela loku-1: Isibhakabhaka ebusuku .................... 290
Uhlolo olusesikweni Ikota yoku-4 imemorandam . 291

Mfundisi othandekayo

Ngethuba ungena kwigumbi lakho lokufundisa yonke imihla awungeni kwindawo efakwe idesika nencwadi. Ungena kwindawo apho kukho uxanduva lokwakha, ubomi,ubumbhe umntu, kuphuhle izakhono netalente. Nje ngo Titshala unamandla oku khokela uphuhlise italente ezibonakalayo nezifihlakeleyo ukuze kufumaneke inkokheli zangomso , ezinezakhono, kubekho utshintsho eluntwini. Ngothando nenkathalo oyenzayo ubonakalisa uthando kumsebenzi wakho. Utyala imbewu yothando noxolo, ukhuthaza ukhathalelwano, ukwabelana nohloniphana. Konke oko kuyakubafundisa ubuntu abantwana.

Akusithelanga ukuba akuzukuba lula ukufikelela, ngakumbhi kwindawo enemcela mngeni wezixhobo ezinqabileyo. Ukufundisa kungumcela mngeni ngokwawo, kodwa phantsi kwezomeko wenza umahluko ebomini. Uyabakhuthaza abantwana ukuba bazi ukuba ubomi babo buqaqambhile, kwaye buxabisekile, bujongiwe ukuze baphumelele, baqaqambhe kungekho nto ibanqandayo.

Siza nezixhobo zokufunda ezakhiwe phantsi kwenqubo ka CAPS . Injongo ikuku gxila ekudibaniseni nasekuphuhliseni isakhono sokuba umntwana afumane ithuba lokuzibonela, akwazi ukuthatha isigqibo ngokwakhe enganyanzelwanga kungacalulwa wonke umntwana ejongekile.

Imifanekiso, amabali, izifundo ziveza ulwabelano lwethu lokuhlala. Yonke lonto yenza ukuba wonke umntu azive amkelekile kwi gumbhi lokufundela. Nanje ngokuba singalibalanga ngawe , inkathalo nokhuthazo kubafundi lubalulekile . Sifake izixhobo ezizakugcina unomdla, uphilile unolangazelelo, oko kukhuthaza nabafundi. Akupheleli ekufundiseni, ubonakalisa uthando nentsebenziswano into eyenza ukuba nabo basebenze ngenyameko. UMzantsi Afrika usebenzisa Lomthetho Wesebe Lezemfundo owongeziweyo (BELA) oshicilelwe ngo 2024, enjongo ikukwandisa nokuqinisa nokwamkela ingena mkethe. Inxaxheba yakho kulenjongo ibalulekile kakhulu. Ulwazi lwakho kuzo zombini uCAPS no BELA kuyakuba luncedo kubafundi, bayilangazele impumelelo bexhobile.

Nguwe umlamli onamandla onokukhuthaza utshinjo olunika umdla, abafundi bakukhula ngokubukela kuwe. Awufundisi nje kuphela, wakha nobomi babo, ukuze bube lulutho ehlabathini,eSizweni nase Lizweni lonke jikelele.

Siyabulele ngayo yonke inxaxheba nemigudu oyenzayo kumcibi wezemfundo.




9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 5 2025/09/30 10:09

## Indlela yokusetyenziswa kwalo Mqulu

Wamkeleki Kwizakhono Zobomi kwi Banga lokuqala. Lo Mqulu une Ncwadi yomfundi ne Nencwadi ka Titshala ukukhuthaza nokuphuhlisa ukufundiswa kwe Zakhono Zobomi kwi Banga lokuqala. Izakhono Zobomi zibhalwe ngokulandela umgaqo ka CAPS. Xa usebenzisa lo Mqulu kuyakunyanzeleka uqiniseke ukuba ufikelela kuwo wonke umsebenzi ochongiweyo.

Izakhono Zobomi zakhiwe zenzelwa ukuba zihambhelane nenqubo ka CAPS ngolu hlobo:






9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 6 2025/09/30 10:09

## Uyisebenzisa njani incwadi ka titshala nencwadi Yomfundi

Kwisigaba ngasinye ukhokelwa ngumbala okuncedayo owalatha isigaba.

Umxholo ngamnye nawo unombala, okuncedayo ekubeni ubone ukuba sesiphi isakhono ofikelela kuso kolosuku okanye kulo veki.Ukuqala kwesifundo ngasinye siphuhlisa imfuno, ukucinga ngengqiqo, kwaye SKAVS (ulwazi olubanzi ukuziphatha ne Ntlonipho), ukuqala kolwazi:

### Uhlobo nezixhobo ezikhethiweyo

| | |
|---|---|
| **Isifundo** | |
| **Iziphumo** | |
| **Ukucinga okunzulu** | |
| **SKAVS (Ulwazi olubanzi, ukuziphatha ne Ntlonipho** | |
| **Ukuqala kolwazi** | |
| **Ukuhlola** | |
| **Izibonelelo** | |

## Isifundo ngasinye sizakucaciswa ngolu hlobo:

### Indlela yokufundisa okanye ubuchule, buhambhelana:

- Ingcebiso ngoku dibanisa ukwamkelana ngoko buhlanga.
- Ukuphawula kokukhula kolwazi ngokubonisa ukwamkelana ngobuhlanga.
- Indlela yokucacisa ukuba bangancedwa njani abafundi abahlukeneyo ngokucinga.
- Lingenziwa njani igumbi elikhuthaza ukufunda nokudlala.
- Masiqale ukuvula isifundo.
- Umkhombha ndlela wemisebenzi.
- Umkhombha ndlela wemisebenzi uzenzela.
- Uhlolo lwemisebenzi egunyazisiweyo.
- Imisebenzi ekhutshelwayo.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 7 2025/09/30 10:09

## ISISEKO SOMSEBENZI NOLAWULO LENDLELA YOKUHLOLA (CAPS)

- The CAPS is one comprehensive document that provides guidelines for planning, content and assessment for all the subjects listed in the National Curriculum Statement for Grades R–12.
- Izakhono zobomi Zokufundisa (ATP) 2023/24 zinika umkhombha ndlela nesikhokelo sokuqulunqa ,uMxholo nendlela yokuhlola kuma Banga Aphantsi (R-3)

### Izakhono Zobomi-ATP ixhasa oku kulandelayo

- ✔ Ukucinga Nzulu
- ✔ Ukusombulula ingxaki
- ✔ Ukuthatha isigqibo
- ✔ Uxanduva
- ✔ Ukuzazi
- ✔ Ukuzilawula/ ukuziphatha
- ✔ Ukuzixabisa
- ✔ Ukuzazi ngobuhlanga
- ✔ Ukuzilawula ngokwemeko
- ✔ Ukuphatha ngendlela
- ✔ Ukwamkelana
- ✔ Ubume
- ✔ Imbheko
- ✔ Inkathalo
- ✔ Ingqondo yokwamkela
- ✔ Unyamezela



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 8 2025/09/30 10:09

## UKwabiwa kweXesha

**Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko limi ngolu hlobo:**

| ISIFUNDO | Ibanga R (IIYURE) | Ibanga 1-2 (IIYURE) | Ibanga 3 (IIYURE) |
|---|---|---|---|
| ULwimi lwaseKhaya | 10 | 7/8 | 7/8 |
| ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo | | 2/3 | 3/4 |
| IMathematika | 7 | 7 | 7 |
| IzaKhono zoBomi | 5 | 5 | 5 |
| • ULwazi olusisiSeko | (1) | (1) | (1,5) |
| • EzobuGcisa | (1,5) | (1,5) | (1,5) |
| • EzemiThambo | (1,5) | (1,5) | (1) |
| • UkuziPhatha neNtlalo | (1) | (1) | (1) |
| Imibhalo efihliweyo neeRobhothiksi | (1) | (1) | (2) |
| **Zizonke** | **23** | **23** | **25** |

**Ukwabiwa kwexesha kwinkalo yokufunda kwizaKhono zoBomi kwisiGaba esisisiSeko**

| Ibanga R-2 | | UKWABIWA KWEXESHA NGOKWEKOTA | Ibanga 3 | | UKWABIWA KWEXESHA NGOKWEKOTA |
|---|---|---|---|---|---|
| ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo | Iiyure ezi-2 ngeveki | Amashumi angama-50 eeyure | ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo | Iiyure ezi-2,5 ngeveki | Amashumi angama-50 eeyure |
| EzobuGcisa | Iiyure ezi-1,5 ngeveki | | EzobuGcisa | Iiyure ezi-1,5 ngeveki | |
| Ezemithambo | Iiyure ezi-1,5 ngeveki | | Ezemithambo | Iiyure ezi-1 ngeveki | |

## Ukwabelana ngokobuhlanga ungacalulanga

Kwesi siqendu, cinga ngegumbi lakho lokufundisela. Yiba nomfanekiso ngqondweni wabafundi behleli phambi kwakho bonke , umntu ngamnye enebali lakhe , ulwazi,nemicela mngeni eyohlukeneyo. Cinga ngomfundi obulalekayo kukulandela isifundo, okanye na ntoni na yangaphandle eyenza ukuba aphazamiseke ekulandeleni izifundo. Wenza ntoni ngala mzuzu? Mizamo yini oyenzileyo? Benze baqaphele ukuba uyayibona ingxaki, ubancedise kuyo.

Igumbi lakho lokufundisa linabafundi abahlukeneyo ngendlela ngendlela, ngokungalingani nezidingo. Ilizwe lethu linoxanduva lenzokolo yokunga lingani, ngobuhlanga indlela yokuphila nezo mnotho. Yonke lemeko iyacaca kwigumbi lokufundela, kulapho kanye apho icaca kakhulu. Wena nje ngoTitshala unoxanduva lokwenza unako nako wokubona bonke abafundi bafumane ithuba lokuhoya ukuze baphumelela. Nokuba zikhona iziphazamiso okwakho kukubaxhasa baphumelele.

Esi siseko uCAPS sithatha imeko yokungalingani nokwamkelana nje ngoxanduva. Iyakhuthaza into yokuba kungajongwa ukufundisa kodwa, makuqatshelwe umfundi ngamnye ngokwemeko akuya ukuze baphumelele. Buyazeka ubunzima abahlangabezana nabo oTitshala kodwa noxa kunjalo ngabo abangaphambhili nabajongene nayo ngqo.

Yiyo lonto izixhobo zokufunda nokufundisa zincedisana nawe. Ezi zixhobo zibonisa imfuno ezivela kumsebenzi owenziwayo ngabafundi, intsokolo abahlangabezana nayo, kungoko kufuneka uxhaswe ukuze kubekho impumelelo. Kuqaqambhe nekamva labo bakwazi ukuba lulutho ekuhlaleni nakwi lizwe ngobubanzi.

Kulo Mqulu sijonga indidi ezili 10 ngokwahlukana. Zonke zikhethwe ukuze zisebenze banzi kwaye zibe lulutho nakubani na, zivala izikhewu zobunjani, ubuhlungu nemeko ezinga ginyisi mathe.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 12 2025/09/30 10:09

Kulo Mqulu sijonga indidi ezili 10 ngokwahlukana. Zonke zikhethwe ukuze zisebenze banzi kwaye zibe lulutho nakubani na, zivala izikhewu zobunjani, ubuhlungu nemeko ezinga ginyisi mathe.

**Indidi zokwamkelana**

| Ihlelo lokwamkela | Ingcazelo | Isalathiso |
|---|---|---|
| 1. **Ukwamkelana Ngokobuhlanga Ungacalulanga Mveli.** | Imele indidi zobuhlanga imvelaphi ezahlukeneyo Uqinisekikisa Uqinisekisa Abafundi Bayayazi Imveli Nezithethe | Sifake abadlali ababhali, nodidi lwemveli ezivela kwintlanga ezahlukileyo. Lamabali nalemizekelo iquka Okwahluka Kuluntu Ngokwe Mveli, Namasiko. |
| 2. **Ukwamkelana Ngokwe sini** | ububanzi besini kumele zonke indidi kwaye Idibanisa ingxoxo nge Ngemisebenzi yesini | kumxholo kukho zonke intlobo zesini Ngokulinga- Nayo. |
| 3. **Ukwamkelana Nge lwimi** | ukwamkelana ngelwimi kubonisa ukunyamezelana Koluntu oluthetha Iilwimi ezingafaniyo | kubakho umxholo oveza indidi ezahluke Neyo Okwakho Kuku khu- Thaza intlo- Nipho. Sifa- Ke nemizeke- Lo yoku Guqula noku- Tolika kwe- |
| 4. **Ukwamkelana Nge lwimi** | ukwamkelana ngelwimi kubonisa ukunyamezelana Koluntu oluthetha Iilwimi ezingafaniyo | kubakho umxholo oveza iindi- di ezahluke Neyo , okwa-Kho kuku Khuthaza Intlonipho. Sifake nemi- Zekelo yoku- Guqulwa no- Kutolika kwe Ntetho. |
| 5. **Ukukhubazeka** | apha kuthethwa Ngabantu abakhubazekileyo ngendlela Ezahlukileyo nokunga Fumani kwabo amathuba Ngenxa yemeko abakuyo. | abantu abakhubazekileyo baba- ndakanyiwe, ku- kulungiselelwa ukuba babe yi- Nxalenye ku-Mabali nemi Sebenzi. Sixolile ngendlela yokufumaneka ngendlela yokufumaneka kwe- Nkonzo kubo. |
| 6. **Ukuthetha nge Simo Socantsi nokwa Mkelana kwimeko Yaso. LGBTQ+** | LGBTQ+ oku Kumele L U "+" umele ukudibana kwazo zonke izini zocantsi Ukuya kutsho kuzo Zonke imeko zotha- Ndano ezibizwa Ngamagama ahlu- Keneyo,afana Nemofi ,amatalasi | LGBTQ+ zonke Ezimilo zikhanka Nyiweyo encwadini Ziveza ukubaluleka Nokwamkelana Ngokwe simo. sifake imizekelo neziganeko eziveza ama- lungelo omntu ngamnye, lonto ba abafundi bahloniphana kwimeko yesini. |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 13 2025/09/30 10:09

| Ihlelo lokwamkela | Ingcazelo | Isalathiso |
|---|---|---|
| 7. **Inkonzo nenkolo Kulabelwano Ngesini Ukusetyenziswa ko Mqulu Intlonipho Ngobudala** | apha kuphawulwa ngendlela ezahlu- keliyo kwinkolo Yobu krestu, no Kwamkela kuhloni Nitshwe indlela Eqhutywa ngayo. ukwamkelana ngo- budala kuquka abada- La nabancinci. Kuxoxwa ngezinto Eziba phazamisayo Ngokweminyaka yabo | incwadi yethu iveza indlela ezahlukileyo zenkonzo nobu- krestu, nezinto emazenziwe ku- luntu. encwadini kukho imizekelo, iqala Kubantwana aba ncinci ukuya kwa badala. Zikhutha- za nokubaluleka Kokuhlangabeza ngokweminyaka . Kwintetho ezifa Na nomhlala Phantsi nokugu Ga. |
| 8. **ukwamkelana Ngokwendlela Yokuphila kwimi Mango ehluke- Neyo.** | ukwamkelana ngokwe mimango kucacisa indlela yokuphila kubantu balondawo iquka konke ekuhlaleni nangaphandle. | incwadi iquke ulwazi , lwazo zonke indawo. ukuqala emasebeni ukuya elizweni ngezinto ezichazela aba- Fundi. |
| 9. **Ukwamkelana Ngendlela yoku- Cinga neyokufunda** | apha kucaciswa nge-  ndlela esifunda ngazo, bambi ba- balandela msinya Abanye bathatha Kade, kufuneka kuphinda phindwe Ngenxa yemeko. | sihlalutya indlela yokicinga nokufunda ngo- kuveza indlela zoku fundisa azivumele zonke iindidi, intlobo zokufunda. |
| 10. **Ukwamkelana Ngendlela yoku- Cinga neyokufunda** | Apha kucaciswa ngendlela esifunda ngazo, bambi ba landela msinya abanye bathatha kade, kufuneka Kuphinda phindwe Ngenxa yemeko. | sihlalutya indle-la yokicinga nokufunda ngokuveza indlela zoku zokufundisa azivumele zonke iindidi, intlobo Zokufunda. |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 14 2025/09/30 10:09

## UKUVULA UNXIBELELWANO NOKWAMKELA KWI GUMBI LOKUFUNDELA.

**Ukwamkelana kwigumbi lokufundela**

Nje ngo Tishala okwakho kukuqinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundisela yindawo yoxolo, konwatyiwe, kumnandi kuyahlekwa  kuhloniphenwe Nazi izinto ezi 10 onokuzenza ukwenza kubekho ukhuseleko kubemnandi.

1. Yenza indawo engazukuba nangozi. Qiniseka ukuba yindawo ephangaleleyo, ekhuselekileyo ukukhusela abakhubazekileyo, engqondweni nezinye imeko.

2. Qiniseka ngokunika imithetho emayilandelwe: Khuthaza intlonipho nokuthembana kulo mithetho, xa bonke bewazi kubangcono.

3. Vuyisana nendlela yabo yokuphila: Ncoma xa benze kakuhle, ngokubaxelela ukuba baziphethe kakuhle.

4. Aluvumelekanga unxwalano nokuhlukumezana: Qiniseka ukuba alukho uhlukumezana kwi gumbi lokufundela, wonke umntu unelungelo lokuthetha azive ebalulekile.

5. Intlonipho ekuthetheni: Makubekho umthetho wentlonipho, ekumameleni nasekuthetheni. Mye umntu othethayo ngexesha.

6. Kuthaza ukonwaba kuhlekwe: Mabahleke , kodwa bangahlekani . Xa bonwabile kumnandi ziyanqaba izi phazamiso.

7. Yakha umoya wokuthembeka: Kubafundi nakubazali, izizalwana. Xa kusetyenzwa kakuhle neziphumo zibazihle.

8. Zivumele indlela zokufunda: Yazi ukuba abafundi abafani. Ncedisa ukhuthaze kulomahluko.

9. Khuthaza imeko yoncediswano: Masifunde omnye komnye ngokujongana xa sisebenza. Oko kwenza ukuba bazithembe besebenzisana.

10. Veza indlela yokuncedana: Bacacisele ngendlela ekubaluke ngayo ukuncedana.

**Umzamo 1-5 : ukwakha umoya wolangazelelo kubanjiswene kwi gumbi lokufundela**

## Yamkela ukungafani kwabafundi kwaye nezixhobo

Ezisegumbini mazibonise intlanga, intetho , inkolo (udibanisa LGBTQ+) iminyakaa nendlela zokufunda. Incwadi yethu iquka abantu bendawo ngendawo ukuphuhlisa imeko zokuphila. Sikhetha ngenyameko imizobo, imifanekiso, nomxholo ophuhlisa imeko zokuhlala nenyani ngelizwe lethu Mzantsi Afrika namanye amazwe. Siyakhuthaza nawe wenze njalo kubafundi. Amabali wakho mawabonise azobe umfanekiso ngqondweni phakathi kwelali nedolophu, ncokola nangabantu bakhona ukohluka kwabo, njalo ukhuthaza indlela yokufunda ubandakanya I GBTQ+ , ncokola ngeminyaka, inkolo, nesini udibanisa nezomnotho welizwe, ezenza ukuba nabo bachaphazeleke. Veza umahluko ngathi kumazwe angaphandle ukuze bazibone bexabisekile kwaye beyinxalenye yolontu ngokupheleleyo.

## UKUKHUSELA NOKUBA NEZINTO

U Ms Adams wayefundisa isifundo samasiko nezithethe. Abafundi bakhe babesuka kumakhaya angafaniyo , eyivuyela lonto. Ekuqaleni ucela umfundi ukuba axele nkolo okanye isithethe sakowabo. U Lebo intombi ezithembhileyo iphakame kuqala icacisa ngendlela abayonwabela ngalo usuku lwe Krisimesi nje ngamaKrestu. Kuphinde kwaphakama u Amina ethandabuza, bona kokwabo bangama Islam, ucacise indlela bona abayonwabela ngayo I Eid, kwangoko , kwangoko basebezelana omnye kubo ngempazamo wakhwaza, “Asiyo holide yokwenene”, ucacisile. uMs Adams kwangoku uqaphele ukuba ukhona umoya ophazamisayo. Uthathe isigqibo esikhawulezileyo, wayimisa ingxoxo. Wacela abafundi ukuba baphefumlo kulo mba. “Kuthetha ukuthini ukungahloniphi inkolo nesiko lomntu? Ungava kanjani xa kusithiwa kuwe eyakho inkolo nosuku oluvuyelayo aluyonyani? Kwathi cwaka egumbini, abafundi becinga ngentetho zabo. Ucacise ngokubaluleka kwentlonipho, nomahluko ngenkolo.Usebenzise umzekelo ka Aminanje ngesifundo,engangxolisanga mntu. Woyame kumqulu ebafundisa , eqhuba incoko ngokubaluleka nokuhlonipha zonke iindidi zenkolo zabanye abantu nokuba wena awuzazi. Abafundi babona ukuba ukungabi namkhethe babenecala kubalulekile, kwaye yintlonipho.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 16 2025/09/30 10:09

## ISIFUNDO SIKA Ms Adam nabafundi.

**Umkhethe nokucingelana**
Ungenza ungacingelanga Mhlawumbhi ungafuni kuvisa omnye kabuhlungu, Abafundi bathetha benga cinganga kodwa bafunda ukuba ukuzola umamele Ngentlonipho.

**Wonke umntu ubalulekile**
uMs Adams wenza ugxile kumcimbi ka Amina okuba amava wakhe ahlo- niphekile kumntu wonke, ebandakanye wonke umntu kwingxoxo Ebonisa ukuba imvelaphi Zabantu azifani masizihlo Niphe.

**Khuthaza ukuzibenca**
Kunokuba sisifundo ukumamela Ukuba bathi bebenokuva njani xa bebenokuba ngu Amina, mabangene Ezihlangwini zakhe.

**Kuthaza ukuxoxa xa**
umkhethe okanye ukudelela kukhona kufuneka kusombulu kwangoko. Vula ingxoxo ukuze bafunde bazi ukuba amanye amagama nentetho ziyenzakalisa, baxhotyiswe.

**Ukufunda ngempazamo**
Ukupazamiseka kungasisifundo Ms Adams usebenzise ixesha lokuba bafunde ukuzibhenca Kuqikelelo lwabo, ebabonisa egumbini lokufunda kulapho sikhula khona ngokupheleleyo.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 17 2025/09/30 10:09

## KUTHENI KUFUNEKA SIBA

Hlole abantwana? Sibahlola ukuze

- sijonga abakwaziyo
- gcina ingxelo ngomfundi ukwazi ukubona indlela Akhula ngayo ,ungajongi Umsebezi weveki okanye wosuku. jonga ukuba umfundi Uqhuba njani na, ingaba lukhona uncedo oludingekayo na?
- jonga iziphazamiso uzame Ukuzi sombulula.
- yiba nomfanekiso ngqo
- Ndweni yomfundi ujonge

Ukuhlola kudibanisa indlela zokubona nokulandela umsebenzi Wabafundi. Uhlolo olukhawulezileyo luveza ukuba balandela njani.Kumabanga asezantsi lwenziwa lonke ixesha, ukuze ubone kwangoko xa kukho uncedo olufunekayo.

| | | | |
|---|---|---|---|
| **iminwe phezulu na phantsi** yisebenzise emva kwe-Sifundo, ukujonga Ukuba bayalandela na? | **Ukulandela umxholo** Abafundi benza uludwe babonise abakwaziyo bongeze ulwazi olu tsha, nje ngokuba kuqhutywa. | **Itikiti lokuphuma** Abafundi bazoba babhale ngento abayifundileyo | **Cinga nge ntsebenziswano** umfundi ngamnye uyazi cingela, besebenzisana. Ngababini bexoxa. |
| **Ingxelo nomhlobo** Abafundi banika ingxelo egumbini bejonga indlela nenqubela ngomsebenzi. | **Indawo yogcina umsebe-** nzi owenziweyo. Bejonga indlela nenqubela. | **Umsebenzi wamaqela** Ukudlala nokusebenzisana | **Imibuzo ngexesha** lesifundo sebenzisa imibuzo enika Impendulo ezininzi, bathundeze ukuba bazicacise impendulo zabo. |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 18 2025/09/30 10:09

**Uvavanyo njengendlela** yokufunda isinika ubungqina yempumelelo yomfundi ngexesha lithile, incede utishala akwazi uqikelela inqubo yomfundi nokwenza isicwangiso sokugqithela kwakhe.

**Ukwazi oma ukufunde**
Abafundi bagcwalisa abakwaziyo, abafuna ukwazi ekugqibeleni bahlanganise ulwazi nabebekwazi

**Ingcamango ngekhonsepthi**
Abafundi benza imaphu ezibonisa abakwaziyo ze bongeze ulwazi olutsha njengoba izifundo ziqhubeka

**Ukungqubanisa iingqondo**
Ngokuthetha bevula ulwazi kuvela izimvo zokuhlangabenzana nesihloko esitsha

**Amatikiti ophuma**
Abafundi bachaza ngendlela ulwazi olutsha lunxulumana okanye luphuhlisa osele bekwazi

**Ugqibezelo lwebali**
Unika isiqalo sebali wenze abafundi baligqibezele

**Yintoni engekhoyo**
Abafundi baveza izimvo nemibono yabo nokubona okuzintsalela ezenza ibali libe lingapheleli

**Ijenali yokufunda**
Abafundi babonakalisa rhoqo ngeveki ngendlela ulwazi olutsha lunxulumana noludala okanye osele bekwazi

**Uvavanyo lokufunda**
Olu luqondene nokuhlolwa kokuqonda nokuzithemba kumfundi ngoko akwaziyo

**Uvavanyo lokuphela kwekota**
Uvavanyo lohlola ukubanjwa komxholo kwisifundo

**Imibuzo eyindida**
Uvavanyo olufutshane oluhlola emveni kwesifundo

**Umsebenzi obhaliweyo**
Umsebenzi wokuhlola ulwazi ngokubhala

**Iiprojekthi**
Imisebenzi yokudala ukubonisa ulwazi.

**Uvavanyo lokufunda**
Olu luqondene nokuhlolwa kokuqonda nokuzithemba kumfundi ngoko akwaziyo

**Imisebenzi evelisayo**
Imisebenzi enikwa ukuze abafundi bayenze besebenzisa ulwazi lempilo

**Ipotifoliyo**
Ingqokelela yemisebenzi ukulandela inkqubela emva kwexesha elithile

**Uvavanyo-lwazi ngomlomo**
Uvakaliso, nobaliso lokuqonda kwesifundo ngomlomo ngumfundi


I National Curriculum Statements (NCS) - Ikharityulum sisi izakhono zolwazi zezifundo nokubhala, izibalo kunye nezakhono zobom.
ISebe Lezemfundo lunika Isikhokhelo Semfundo Yesiseko ukuxhasa ootishala ekufundiseni nokulungelelanisa izifundo kunye noCAPS. Olu thotho lwezifundo lwahlula-hlukeneyo ngomxholo nakuyilo lwalo lunceda utishala nabafundi bakhe bahlangabezane nokufunwa ziinjongo zokuhlelwa kwesi sikhokelo mvamvanyo.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 19 2025/09/30 10:09

## Iindidi zokuhlola kumaBanga Aphantsi.

Isikhokele sigunyazisa iindidi ezi 4 kuma Banga aphantsi Ishicilelwe kwi NCS.




## UHLOBO LOKUFUNDA KUMA BANGA APHANTSI

Sibona u Lily okrelekrele nosithandayo isikolo. Noxa kunjalo unengxaki kwizifunda zakhe. Ngexesha lesifundo solwimi uthanda ukucela ukuya kwindlu yangasese.Woyika ukubizwa afunde ngokukhwaza. Nezibalo ebe sokola. Kwi khodingi ne robhothiki akakwazi ukufunda imiyalelo. Ku Mxholo wobomi kusetyenzwa ngemiyalelo efundwayo.

Iyeye yacaca ukuba ikhona ingxaki, kuba akakwazi ukufunda incwadi yomsebenzi.
Ibingaphelelanga kwizifundo,ingxaki ka Lily ,nasekumameleni kubonakale ukuba kunzima.

Xa ujonga kwigumbhi lakho u Lily akayedwa bakhona nabanye.
Babefunda ngaphantsi komliganiselo yeminyaka yabo.
Kubalulekile ukuwuqonda lo mcela mngeni wabantwana kumaBanga aphantsi kuba kulapho bakhuliswa khona.

## UHLOLO OLUKHAWULEZILEYO KUBANTWANA ABANAKO

Xa abantwana besiya kwi Banga lesi 3, iqhelekile into yokuba kujongwe amandla nendlela yokufunda.
Ngexesha abanye bakhula ngezakhono abanye banemicela mngeni yomzimba enokubenza ukuba basokole ukufunda ngempumelelo. Konke oku kuncedwa luqaphelo olukhawulezileyo ukuze umfundi akwazi ukufumana uncedo akwazi ukuqhubeka kakuhle.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 20 2025/09/30 10:09

## Ibali lika Leah

Utishala waqaphela uba uLeah ukhetha usebenza yedwa nokuthi engadlali nabanye abafundi ngexesha le khefu. Ebekufumana kunzima ukulandela imiqathango enikwa ngomlomo adandatheke xa iphinda imiyalelo.

Noxa ebeqaqamba ezithembile xa kusenziwa umsebenzi wezandla, ebeva ubunzima ekuvakaliseni izimvo zakhe, ohluleleke ukujongana ngamehlo kwenze kube nzima unxibelelwano naye ngootishala.

Nanjengoba unyaka uqhubela phambili, umzali notishala baba nenxalabo ngaye. ULeah ebebalasele kwizifundo zezandla nobugcisa  esiva ubunzima obugqithisileyo kwimvakalelo nonxibelelwano. Umzali ebeno mcela mngeni ekuqondeni obu bunzima bohlukileyo kubantwana abalingana naye.

Emva kwentlanganiso eziliqela phakathi komzali nootishala, uLeah wathunyelwa kuvavanyo. Kusemva kwezinzame apho usapho neziko lemfundo lika Leah lwafunda ngesimo sakhe se-Autism.

Kwiminyaka emininzi edlulileyo, Leah ebeva ubunzima obugqithisileyo kwiimvakalelo, nonxibelelwano kunye nokuzibandakanya kwimidlalo nabahlobo  - unobangela woko ubungaziwa.

Ngolu lwazi lutsha, utishala nomzali ka Leah baye basebenzisana ukumxhasa.

Utishala wenza magqinga matsha, izixhobo ezibonakalayo kunye nombeka bucala kwindawo engenangxolo. ULeah wanikwa ixesha elandisiweyo namathuba okusebenza yedwa okanye namaqela amamcinci.

Ulwazi nge-Autism imxhobisile utishala wakwazi ukumxhasa wabuyisela amandla nokwezithemba kuLeah.

Emva kwexesha, ufunde amaqhinga okuphuhlisa imvakalelo nokwazi usebenza nabahlobo.

Ngoncedo alufumeneyo, umfundi ukwazile uqhubekeka ukubonalisa ukuba isigulo asimthenteli umntu kwimpumelelo.

Eli bali libonisa ukubaluleka komqaphela kwiizibonakiso zempawu ze-Autism kunye nezinye izigulo ezinodala ukhubazeko. Ungenelela kusekutsha, kunceda abafundi banqobe futhi baphumelele.

## INDLELA YOKUFUNDISA NGOTHETHA NANGOKWENZA

I Variyeshini yindlela ebonisa ukuba abafundi babona njani, kwaye yintoni abayaziyo bekwazi ukusebenzisa oluhlobo lu jikajikayo. Inceda ukuba bakwazi ukubona nokuba bava njani.

Nazi indlela ezibalulekileyo kwi variyeshini:

1. Gxila kokubonakalayo. uTishala uchonga impawu ezibonakalayo kwimfundiso aphuhlise yona.
2. **Pateni ebonakalayo** Kusebenza ipateni ezahlukeneyo ukubonisa umahluko.

Ezi Pteni ziquka oku:

- EBONAKALAYO: Fundisa ngomzekelo ophikisayo ukuveza umahluko.
- UQUKO Ukusenzisa iVariyeshini kwisifundo kwenza ukuba basibone banzi.
- UKWAHLUKANA Kufundiswa impawu nganye nganye nganye ukuveza ukubaluleka kwazo.
- UKUDIBANISELWANO Xa udibanisa impawu ezinika umdla uzijonga ukuba zihambhelana ngani nesifundo.

3. UKUBONA NOKUQONDA Ngokubana imizekelo eyohlukeneyo abafundi bayakwazi ukujonga ukuba kokuphi okubalulekileyo bazithathele isigqibo.

## UKWENZA IZIFUNDO EZIYIMPUMELELO

**Lungiselela ngethuba**
Yiba nomfanekiso wesifundo Zonke izixhobo zilungise ngexesha.

→

**Yigcine ilula**
Yahlula imisebenzi ibe mincinci, amanyathelo alawulekayo akho abafundi ukulandela ngokulula.

→

**Hlala ubhetyebhetye**
Zilungiselele ukuhlengahlengisa eyakho isifundo ukuba ngaba abafundi ubunzima okanye ukuba zikhona iziphazamiso.

→

**Bandakanya abafundi**
Sebenzisa imisebenzi eyahlukeneyo ukugcina abafundi benomdla kunye khuthaza ukuthatha inxaxheba.

→

**Ulawulo lwexesha**
Namathela kwishedyuli kodwa vumela abafundi ukuba benze ixesha buza imibuzo kwaye uphononongе iimbono ezintsha.

## UKOMELELA NAMANDLA KU TITSHALA

Ukufundisa abantwana kuluxanduva olukhulu. Lufuna umntu ozinikezeleyo, kuba kuthatha amandla nexesha lakho.Nobungozi bubakhona ethubeni. Yiyo lonto kufuneka uhlale uzikhusele.

**UHLOLO**
Thatha imizuzu yonke imihla uphumle.Imithambho yomphefumlo nokuthoba umoya iyafuneka..

**YAKHA ABAHLOBO NABAHLALI**
Yenza ubuhlobo nabahlali nemibutho yotitshala abakumhlala phantsi, ukuze ukwazi ukuhlangabezana nemicela mingeni.

**INDLELA YOKUPHILA ENGCONO**
Yitya ngendlela elungileyo, zilolonge, lijonge ulihoye ilizwi lakho, sela amanzi, yitya ukutya okunesondlo, ukuzilolonga rhoqo.

## Indlela ezakhaya zokulawula ziquka

Amanani amakhulu egumbimbini lokufunda ayingxaki.
Ukusebenzisana kwigumbi unika umkhondo kunceda  ukunika imbeko

Ukulawulo lwegumbi lokufunda:

- Makubekho umda : Cacisa imithetho nemida zisuka amane Uziphinda phinda.
- Indlela yokwenza: ukujikajiki ume emthethweni kunceda Kakhulu egumbini elinabantwana abaninzi.
- Ukusebenzisana Ngobuhlobo: Xa besebenza ngamaqela kwenza ukuba babenoxanduva emsebenzini wabo.
- Izixhobo zokufunda: Sebenzisa imifanekiso yezandla  Nemiculo kuqhwatywe nje nge Sikhombisi socwangco.
- Yohlula imithetho:Yenze ukuba ilungele abafundi.

## ULAWULO KWIGUMBI ELINA BAFUNDI ABAXUTYIWEYO

Kweli gumbi lixutyiweyo kunyanzelekile ukuba uzazi izidingo zabo. Qala ukufundisa ngendlela ebadibanisa bonke, sebenzisa amaqela ukukhuthaza intsebenziswana, ayithethi nokuba bohlukile. Xuba imisebenzi bonke bafumane.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 23 2025/09/30 10:09

## UKUXHASA ZONKE IINDIDI ZOKUFUNDA

Nokuba bangakanani abafundi 15, 20 okanye 40, zakusoloko zikhona ingxaki. Nendlela ezohlukeneyo zokufundisa zibalulekile.

Ngokuka Vark indlela zokufunda zenziwe za 4

- Ukufunda ngokubona: Oku kokona kuqhelekileyo. Abafundi bahambha phambili xa isifundo sisenziwa, ngokujonga emfanekisweni.
- Ukufunda ngokuva: Abafundi bayifumana kakuhle ingcazelo xa bemamele, bethethe. Bathanda ukuxoxa ukuze bave kakuhle.
- Ukufunda nokuBhala: Apha abafundi basebenza ngokufunda nokubhala. Baya phumelela ekunikeni incazelo ebhaliweyo. Kwaye banesakhono kwingxelo engabhalwanga.
- Ukufunda ngokwenza: Aba bafundi bafunda ngokwenza. Ulwazi baluqokelela ngokuba Yinxalenye baphume phambili kwimisebenzi yezandla.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 24 2025/09/30 10:09

# Isihloko soku-1 Malunga nam

| | |
|---|---|
| **Ummandla wokufunda** | **Malunga nam** |
| **Ixesha lokufundisa** | Iiyure ezi-6 |
| **Izixhobo ezicetyiswayo** | Imifanekiso ebonakalayo; amakhadi oonotsheluza |
| **Iziphumo zokufunda** | Ekupheleni kwesi sihloko, abafundi kufuneka bakwazi uku:<br>• Chaza ukuba ngubani<br>• Phucula ukuzithemba<br>• Hlonipha iyantlukwano |
| **Izakhono** | Thelekisa, jonga, chonga |
| **Ulwazi** | Umntu ngamnye ufana yedwa. Chonga kwaye uhlolisise izinto ezahlukileyo. |
| **Ixabiso** | Intlonipho |
| **Uluvo** | Ukunyamezela |
| **Ulwazi olusisiseko** | Izakhono zemizwa, Ulwazi lwemihla ngemihla<br>Ezifanayo nezingafaniyo |
| **Imibuzo esebenzisa ukucinga ngengqiqo** | Ngaba ndifana njani nabahlobo bam?<br>Ngaba ndohluke njani kubahlobo bam? |
| **Ukuhlanganisa** | Ulwimi lwasekhaya: Ukuphulaphula nokuthetha: Intetho elungisiweyo nengalungiswanga: Ukwabelana ngezimvo nangeengcamango nokubonisa ukuqonda iingcamango<br>Imathematika: 3,3. Ukujongwa kwezinto: Zoba kwaye utolike izinto ze -3-D kwiindawo ezahlukileyo. Ukubala amanani alula ukuya kwi-10 |
| **Indlela yokufundisa** | Ingxoxo, ukubonisa, umyalelo, ukubuza imibuzo, ukuhlola okungekho sesikweni |
| **Ukuhlola** | Mandikhangele |
| **Irubrikhi** | Ukuhlola okungekho sesikweni amaphepha esi-3 nesi-5 |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 1 2025/09/30 10:09

## Masiqalise

### Ndifana ndodwa – INcwadi yoMfundi iphepha vi kunye loku-1

Xa utshayelela lo mxholo gxininisa into esenza sahluke. Oku kusenokuba luncumo lwethu, ubude, inwele okanye umbala wamehlo ethu.. Xelela abafundi ukuba bajonge ngenxa zonke eklasini ukuze babone ukuba wonke umntu mde ngokufanayo na. Babuze ukuba ngaba iinwele zomntu wonke zinobude nombala ofanayo na. Bacele ukuba bonke bancume, bajonge ngenxa zonke eklasini kwaye bajonge ukuba lonke uncumo luyafana na. Babuze ukuba yintoni na abayiqaphelayo.

(Nceda ube novelwano kwinto yokuba umfundi unokuba nesiphene ngokwasemzimbeni. Nceda uqaphele ukuba abafundi basenokusabela ngendlela engalunganga kwiiyantlukwano zabanye.)

Thatha iimpendulo malunga nabafundi abahlanu kuxhomekeke kubungakanani beklasi. Qinisekisa ukuba ukhetha abafundi abavela kumaqela eentlanga ezakuhlukileyo. Abafundi kufuneka baphawule ukuba wonke umntu ukhangeleka ehlukile. Baxelele ukuba loo mahluko uthetha ukuba sonke sahlukile kwaye **sifana sodwa**.

- Imifanekiso ebonakalayo isenokusetyenziswa nayo. Bonisa imifanekiso yabafundi abakhangeleka ngokwahlukileyo kwaye ucele abafundi bachonge umahluko.
- Jonga kumfanekiso okwiphepha vi.
- Jonga kumfanekiso/umzekeliso okwiphepha vi.
- Buza imibuzo ekhuthazayo enjenge. Umzekelo: Ubona ntoni? Bangaphi abantwana abakhoyo?
- Cela abafundi bakhombe kubo.
- Cela abafundi bakhombe kubahlobo babo.
- Cela abafundi bakhombe komnye umfundi ofunda nabo.
- Oku kunceda ukugxininisa ukuba abafundi abasemfanekisweni bakhomba kubo.
- Benza ntoni?
- Buza abafundi ukuba benza ntoni na kwaye bayakwazi na ukuchaza umfundi ngamnye.
- Cela abafundi abahlukeneyo ukuba baphendule.
- Cacisa ukuba bonke bakhangeleka bohlukile kuba bafana bodwa.
- Ncamathelisa igama elitsha eklasini ngoonobumba abakhulu abangqindilili.

1. Kukho abantwana abahlanu emfanekisweni.
2. Abantwana bakhomba kubo.
3. Hayi, bonke bakhangeleka bohlukile.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 2 2025/09/30 10:09

## **Umsebenzi woku-1** (INcwadi yoMfundi iphepha loku-1)

**Sebenzani ngababini.**

### Isikhokelo somsebenzi

- Abafundi bahlala ngababini kwiidesika zabo okanye kwimethi.
- Cacisa ukuba uzakufunda umbuzo.
- Abafundi mabacinge ngoko bakubonayo, bacinge ngempendulo, kwaye baze batshintshane ngokuphendula. Jikeleza eklasini ukuze umamele kwiingxoxo zabafundi.
- Funda imibuzo ngokuvakalayo.
- Nika abafundi ixesha lokucinga (malunga nomzuzu om-1).
- Abafundi bayatshintshana ukuphendula.
- Thatha ingxelo evela kwizibini ezahlukeneyo.
- Bonisa ukuba inkwenkwe enye inxibe iiglasi yaye intombazana enye inxibe isixhobo sokuncedisa ukuva.
- Buza abafundi: Ucinga ukuba kutheni ezi zifuneka? Cacisa ukuba kutheni ezi zifuneka:
- Iiglasi/izibuko zisetyenziswa xa umntu engaboni kakuhle.
- Isixhobo sokuncedisa ukuva sisetyenziswa xa umntu engeva kakuhle.

### Iimpendulo ezicetyiswayo

1. Abantwana abathathu banenwele ezimnyama.
2. Kukho abantwana abathathu abanxibe iitop ezimhlophe.
3. Hayi, umntwana unxibe ihempe enemigca emnyama namhlophe.
4. Inkwenkwe emhlophe kunye nentombazana emnyama banezinyo okanye amazinyo angekhoyo.

### Uqukaniso nokwahlukana

- Imisebenzi ivumela izakhono ezohlukeneyo zokufunda kwaye idala uluvo lokuba necala owela kulo oko kusenziwa ngomsebenzi weqela nokuhlanganyelana.
- Ukujongana neyantlukwano ngokusebenzisa umsebenzi wobugcisa ofanelekileyo kwiNcwadi yoMfundi kunye nangemisebenzi ekhuthaza ngokucacileyo ukuba novelwano kunye nokwabelana ngenkcubeko.

### Izixhobo

Imifanekiso ephuma kwiimagazini okanye kumaphephandaba yabantwana okanye abantu ukubonisa ukuba sonke sahlukile/sifana sodwa;

INcwadi yoMfundi;

INcwadi yeRainbow ye-DBE yoku-1, iphephe lesi-2;

amakhadi oonotsheluza asebenza kwisihloko: iiglasi, isixhobo sokuncedisa ukuva, fana ndodwa.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 3 2025/09/30 10:09

## Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola abafundi ngokungekho sesikweni besebenza ngezibini

| Umfundi ukwazile uku: | ✓ | ✗ |
|---|---|---|
| chonga abantwana abanenwele ezimnyama | | |
| bala bangaphi abantwana abanxibe iitop ezimhlophe | | |
| chonga ngababaphi abantwana abanezinyo okanye amazinyo angekhoyo. | | |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 4 2025/09/30 10:09

## Ezemithambo

**Sebenzani ngamaqela.**

**Isikhokelo somsebenzi:**

- Yohlule iklasi ibe ngamaqela amane.
- Yahlulahlula amaqela ngokwesini, uhlanga kunye nenkolo.
- Yiba novelwano kubafundi abanokuba neziphene/izithintelo ngokwasemzimbeni.
- Lo msebenzi unokugqitywa ngaphakathi okanye ngaphandle kuxhomekeke kwisithuba.
- Sebenzisa impempe okanye isixhobo esifanayo ukwazisa abafundi xa kufuneka baqale kwaye bagqibe.
- Enza imisebenzi yokuzifudumeza nokuzipholisa kunye nabafund

**Umsebenzi**

Abafundi bayahamba, batsibe kwaye babaleke ukuya phambili nangasemva.

- Cacisela abafundi umsebenzi kwaye unike imizekelo.
- Sebenzisa abafundi abambalwa ukubonisa (abafundi abohlukileyo).
- Misela okulindelekileyo: Umzekelo, ukuvuthela impempe kanye kuthetha qala, ukuvuthela impempe kabini kuthetha yeka.
- Ziqhelanise nabo bonke abafundi: hamba uye phambili kwaye ubuyele ngasemva, tsiba kwaye ubaleke.
- Vumela onke amaqela aziqhelise.
- Ngelixa amaqela eziqhelisa, tyelela iqela ngalinye ukuze ubone ukuba ngabaphi abafundi abatsala nzima. Sebenzisa uluhlu lokuhlola ukuze uqokelele idatha.

**Umzekelo woluhlu lokuhlola**

| Igama lomfundi | Tsiba | Phambili | Emva | Baleka |
|---|---|---|---|---|
| John Doe | ✓ | × | ✓ | ✓ |
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 5 2025/09/30 10:09

## Umsebenzi wesi-2 (INcwadi yoMfundi iphepha lesi-2)

**Sebenzani ngamaqela**

| Isikhokelo somsebenzi |
|---|
| • Abafundi bahlala kwimethi.<br>• Bonisa abafundi umfanekiso/umzekeliso kwiphepha lesi-2.<br>• Babuze ukuba yintoni abayibonayo.<br>• Xoxa iinkcukacha ezifunyelwe kumfanekiso.<br>• Bonisa ngokuphandle iinkcukacha, ezinjengo: mbala wenwele, umbala wamehlo, apho intombazana ime khona, kutheni kukho isi-7 kwibhaluni. Cacisa indlu yenkwenkwe ze ubuze abafundi malunga nenombolo yendlu. Funda umxholo ongezantsi komfanekiso. |
| **Iimpendulo ezicetyiswayo** |
| 1. ULina unenwela ezibomvu namehlo aluhlaza. Unxibe ihempe eluhlaza kunye neebhulukhwe ezimfutshane ezinemigca emhlophe naluhlaza.<br>2. ULina uneminyaka esi-7 ubudala. Uphethe ibhaluni enenombolo yesi-7 kuyo.<br>3. ULina uhlala kwi-10 Main Street, eClaremont.<br>4. Indlu kaLina imhlophe inocango olumdaka. |
| **Uqukaniso nokwahlukana** |
| Yiba novelwano/ubacingele abafundi abanobunzima ukuhlola iminyaka nedilesi kaLina. Kumaqela ahlukeneyo, abafundi banokuncedisana. Khuthaza unyamezelwano, uvelwano nenkathalo koku. |
| **Izixhobo** |
| Imifanekiso emalunga nabantwana okanye abantu ukubonisa ukuba ngamnye wethu ukhangeleka ehlukile.<br>INcwadi yoMfundi iphepha lesi-4;<br>Incwadi yomsebenzi ye-DBE, iphepha lesi-2;<br>amakhadi oonotsheluza anamagama afanelekileyo kwisihloko |

### Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungekho sesikweni umsebenzi weqela wabafundi

| Umfundi ukwazile uku: | ✓ | × |
|---|---|---|
| Chaza uLina | | |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 6 2025/09/30 10:09

| Umfundi ukwazile uku: | ✓ | × |
|---|---|---|
| Nika iminyaka kaLina | | |
| Nika idilesi kaLina | | |
| Chonga umbala wendlu kaLina | | |

### Ixesha lokuphononongonga

**Izixhobo:** imibala, iikhrayoni, iphepha lokusebenza lethempleythi yokubhala

Abafundi babuyela kwiidesika zabo kwaye bathathe imizuzu embalwa ukuzinza.

Bonelela ngephepha elinefreyim nesithuba sokubhala ukwenzela umzobo womfundi.

Ithempleythi iquka:

Igama lakho: ______________________________

Ifani yakho: ______________________________

Iminyaka yakho: ______________________________

Idelesi yakho: ______________________________

Iinombolo zefowni zabazali bakho ____________________ (Cacisa ukuba lo ngumntu ahlala naye: umzali, utatomkhulu nomakhulu, umakazi, umalume, njl.)

Phambi kokuba abantwana baqale, kufuneka bacinge ngendlela abakhangeleka ngayo.

Baxelele ukuba bacinge ngombala wenwele zabo nombala wamehlo abo.

Kufuneka babe nobuchule ngendlela abakhetha ukuzibonakalisa ngayo.

Khuthaza abafundi ukuba basebenzise imibala eyahlukileyo kwaye boyonwabele.

Cacisa umsebenzi: Zoba umfanekiso wakho kwaye ugcwalise iinkcukacha: chaza ukuba kufuneka bazalise ntoni. Abafundi abangazazi zonke inkcukacha kufuneka bazalise kuphela igama labo, ifani kunye nobudala (ngamanani).

## Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungekho sesikweni abafundi abazisebenzelayo.

| Umfundi ukwazile uku: | ✓ | × |
|---|---|---|
| zoba ubuso | | |
| bonisa (osondele kakhulu) umbala wenwela ochanekileyo | | |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 7 2025/09/30 10:09

## Ikota yoku-1

| Umfundi ukwazile uku: | ✓ | × |
|---|---|---|
| bonisa (osondele kakhulu) umbala wemehlo ochanekileyo | | |
| bhala igama lakhe | | |
| bhala iminyaka yakhe | | |

## UbuGcisa

**Zisebenzele ngokwakho.**

- Cacisa ukuba abafundi mabazobe ubuso babo komnye wemisebenzi yangaphambili.
- Beka umfanekiso wobuso wabantwana abambalwa kwibhodi. Sebenzisa ubuncinci iintlanga ezahlukileyo ezintathu.
- Cela abafundi baphakamise umnwe wokolatha wabo. Babonisa ngowuphi umnwe wokolatha wabo.
- Babonisa indlela olandela ngayo ubuso bakho ngokuhamba-hambisa umnwe wakho kubuso ngokubujikeleza.
- Babuze ukuba bakubonile na obukwenzileyo.
- Bacele benze ngokufanayo nabo. Bacele bakhombe emehlweni abo, empumlweni, emlonyeni, kuzo zonke iimpawu zobuso.
- Thatha ingxelo evela kubafundi njengoko bephendula imibuzo yakho kwaye ubacele bakhombe kwiimpawu kwimifanekiso ekwibhodi kananjalo.
- Cacisa ukuba ngoku baza kuzenzela umfanekiso wobuso babo, kwaye kufuneka baquke zonke iimpawu zobuso ozibonise ngokuphandle.
- Imithombo kunye nokulungiselela: Lungiselela iidesika zabafundi ngepeyinti exutywe ngaphambili, iphepha, iibrashi zokupeyinta namanzi. (ukuba oku akunakwenzeka, abafundi banokuzoba endaweni yokupeyinta.)

**Umsebenzi:**

- Abafundi bapeyinta ubuso.

**Umzekelo woluhlu lokuhlola**

| Umfundi ukwazile uku: | ✓ | × |
|---|---|---|
| peyinta ubuso babo | | |
| kuquka zonke iimpawu zobuso | | |
| bonisa (osondele kakhulu) umbala wenwela ochanekileyo | | |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 8 2025/09/30 10:09

## Sikhethekile kwaye sahlukile

**INcwadi yoMfundi iphepha lesi-3**

- Abafundi bajonga kumzekeliso kwiphepha lesi-3 leNcwadi yoMfundi.
- Buza abafundi ukuba yintoni abayibonayo: Baqaphela ntoni ngabantwana kwimizekeliso?
- Buza bona abafundi ukuba bakhe beva ngegama khethekileyo lisetyenziswa ngaphambili yaye bacinga lithetha ntoni. Uyakukwazi ukufumanisa indlela abaqonda ngayo okukhethekileyo ngeempendulo zabo ezahlukileyo.

### Umsebenzi wesi-3 (INcwadi yoMfundi iphepha lesi-3)

**Zisebenzele ngokwakho.**

| Isikhokelo somsebenzi |
|---|
| • Yazisa ngomba 'wokufana wedwa'. Jonga kwimizekeliso kwiphepha lesi-5 kwiNcwadi yoMfundi. Xoxa ngokuba 'ngomnye wodidi'.<br>• Cacisela abafundi ukuba abantu bakhethekile kuba bohlukile, kwaye nokuba yile nto ibenza bafane bodwa.<br>• Buza abafundi ukuba yinto eyenza umntu afane yedwa.<br>• Ezi zizinto ezenza abantu bohluke:<br>– Umbala wenwele<br>– Umbala wamehlo (Bonisa amagama anjengo luhlaza, mdaka, mnyama, blondi, njl. Amagama abazakuwafuna ukuchaza iinwele zabo kunye nombala wamehlo.)<br>– Ncuma<br>– Ubunjani bomntu ( yindlela umntu aziphatha ngayo nendlela acinga ngayo, okumenza afane yedwa kwaye ohluke kwabanye abantu.)<br>– Iitalente (into esisulungekileyo kuzo): Babuze into abasulungeke kuzo.<br>– Abahlobo nosapho lwethu. (Beka umfanekiso wosapho ebhodini uze uthethe ngendlela abakhangeleka ngayo bonke abantu abasemfanekisweni, kuba bonke bafana bodwa) |
| **Iimpendulo ezicetyiswayo** |
| 1. Abantwana babhala kwincwadi yomsebenzi yabo: Ndifana ndodwa.<br>2. Abafundi bagqibezela izivakalisi ngokudibanisa amagama achanekileyo. Impendulo iza kwahluka. Hamba ujikeleze kwaye uncede abafundi ngamagama apho kuyimfuneko. |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 9 2025/09/30 10:09

| Uqukaniso nokwahlukana |
| --- |
| Cingela abafundi abanokuba novelwano malunga nokungafani kwabo. Abafundi abakule minyaka ubudala abanalo ulwazi olulungiselelweyo malunga nokuba yintoni abasulungekileyo kuyo.<br>Qonda ukuba abafundi bavela kumakhaya ahlukeneyo kwaye oko kusenokuba akuzange kuhlolwe ekhaya, ngoko ke xa usazisa esi sihloko kuyakufuneka ukuba usele uqinisekisa ukuba ukhethekile kwaye ufana wedwa kangakanani um(aba)fundi.<br>Khuthaza unyamezelwano, uba novelwano nenkathalo koku. |

| Izixhobo |
| --- |
| Imifanekiso yabantwana okanye abantu abadala ukubonisa ukuba ngamnye wethu ukhangeleka ngendlela eyahlukileyo; |
| INcwadi yoMfundi iphepha lesi-3; |
| INcwadi yeRainbow ye-DBE yoku-1, iphepha lesi-3; |
| Amakhadi oonotsheluza anamagama afanelekileyo kwisihloko |

**igama elitsha**

Isigama kufuneka sibonakale kubafundi.

Babonise imizekelo/imifanekiso ebonakalayo apho kufanelekileyo.

- **ukwahluka** – ukufana wedwa



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 10 2025/09/30 10:09

## Izinto endinokuzenza

**INcwadi yoMfundi iphepha lesi-4**

- Buza abafundi yintoni abanokuyenza.
- Thatha iimpendulo kubafundi abohlukileyo.
- Abafundi bajonga imizekeliso kwiphepha lesi-4 leNcwadi yoMfundi.
- Xoxa ngento abayibonayo.
- Funda izixhobo kwaye uze ubuze abafundi ukuba bangakwazi na: ukubala, ukuchonga izikhalo zezilwanyane, babize amagama eemilo nemibala?
- Emva kombuzo ngamnye, bangaxelela iqabane (umfundi osecaleni kwabo) labo impendulo. Umzekelo, xelela umhlobo wakho isikhalo sesilwanyane esinye osaziyo, kwaye sesiphi isilwanyane esenza eso sikhalo.

## **Umsebenzi wesi-4** (INcwadi yoMfundi iphepha lesi-4)

**Sebenzani ngababini.**

| Isikhokelo somsebenzi |
|---|
| • Yazisa isihloko ngokuxoxa kwaye ucalule imifanekiso kwiphepha lesi-6. Cela abafundi babelane ngeetalente zabo nangezakhono zakho.<br>• Xoxa ngomfanekiso ngamnye ngokubanzi kwaye ucele abafundi bakubonelele ngemizekelo yokuba uzibala kwaye uzibize njani iimilo namibala. Bangakwazi ukuchonga izikhalo zezilwanyane?<br>• Thatha iimpendulo kubafundi abohlukaneyo. |
| **Iimpendulo ezicetyiswayo** |
| Ngelixa abafundi benikana iimpendulo, hamba ujikeleza uze umamele into abazakuyithetha.<br>Abafundi baphendula umbuzo wokuqala ngomlomo, ngokubiza imilo kwaye baxelele iqabane labo. Ngemibuzo<br>Bonelela abafundi ngephepha ukuze bazobe iimilo zabo nemibala yabo ngokuchanekileyo.<br>Abafundi babala ukusuka kwisinye ukuya kwikhulu. |
| **Uqukaniso nokwahlukana** |
| Yenza abafundi bazi ukuba abantwana basebenza kwaye benze izinto ngesantya nobuchule obahlukileyo. Jonga kwinto yokuba sonke sifana sodwa. Ncedisa abafundi abanobunzima bokuzoba unxantathu, kwaye nabasokolayo ukubala ukuya kwikhulu. Khuthaza unyamezelwano, uvelwano nenkathalo koku. |

| Izixhobo |
| --- |
| Imifanekiso ebonisa:<br>abantwana besenza izinto ezahlukileyo;<br>ikliphu zesandi zezandi zezilwanyane;<br>iimilo nemibala;<br>iphepha lokuzoba iimilo;<br>incwadi yoMfundi iphepha lesi-4;<br>Incwadi yomsebenzi ye-DBE yoku-1, iphepha lesi-3;<br>Amakhadi oonotsheluza anamagama afanelekil eyo kwisihloko. |

## Ixesha lokuphonononga

- Abafundi bakhankanya naziphi na izinto ezintathu abanokuzenza baze babelane ngengxelo yabo neklasi.
- Ukuba kuyimfuneko, khokela abafundi ngokuchaza izinto ezintathu onokuzenza.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 12 2025/09/30 10:09

## Ezemithambo

**Zisebenzele ngokwakho.**

**Isikhokelo somsebenzi:**

- Umsebenzi unokugqitywa ngabafundi bemi kwiidesika zabo, kwimethi okanye ngaphandle.
- Yenza imisebenzi yokuzifudumeza nokuzipholisa kunye nabafundi.
- Emva kokuba abafundi befudumele, babobisa intloko, amagxa, amadolo, iinzwane, ubuso, umlomo, impumlo, amehlo neendlebe.
- Dlala isiqwengana sengoma, 'Intloko, amagxa, amadolo neenzwane', uze ubuze abafundi ukuba bayayazi ingoma. Fumana ingxelo kwabanye babo malunga nokuba bayiva phi ingoma.
- Abafundi babukela ividiyo yabantwana bedlala ingoma ethi 'Intloko, amagxa, amadolo neenzwane'.
- Emva kokuba beyibukele le vidiyo, cacisela abafundi umsebenzi.
- Vumela iqela labafundi abahlukileyo ukuba babonise iklasi.

**Umsebenzi**

Abafundi baya kufunda ngamalungu omzimba ahlukeneyo ngokucula ingoma 'Intoko, amagxa, amadolo neenzwane', ngelixa besenza iintshukumo.

**Umzekelo woluhlu lokuhlola**

| Igama lomfundi | Intloko | Amagxalaba | Amadolo | Iinzwane |
|---|---|---|---|---|
| John Doe | ✓ | × | ✓ | ✓ |
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 13 2025/09/30 10:09

## Ngaba ndifana njani nabahlobo bam?

**INcwadi yoMfundi iphepha lesi-7**

- Bonisa umfanekiso ebhodini uze ubabuze ukuba yintoni na abayiphawulayo efanayo ngabantu/abantwana abakumfanekiso.
- Xoxa ngezinto ezifanayo.
- Babuze ukuba kukho nayiphina into efanayo nangawuphi na umfundi eklasini (yiba novelwano xa ukhetha ukuba ngabaphi na abafundi obacela ukuba bajonge kubo). Yitsho ukuba bonke bangaphezulu okanye bangaphantsi ngeminyaka kodwa yiba novelwano kubafundi abaphinda ibanga. Buyela emva kwindlela esifana sodwa ngayo sonke nesenza izinto ngesantya esahlukileyo kwaye sibe nobuchule obahlukileyo.

### **Umsebenzi wesi-5** (INcwadi yoMfundi iphepha lesi-5)

**Sebenzani ngababini.**

| Isikhokelo somsebenzi |
|---|
| • Funda imizekelo ekwiphepha lesi-5 malunga nokuba zeziphi izinto ezinokufana phakathi kwabahlobo ababini. Nika abafundi ithuba lokucinga malunga nento abayibonayo.<br>• Abafundi banokuba negalelo kwingxoxo; nangona kunjalo, bacele ukuba bamamele imizekelo phambi kokuba bathethe ngezibini zabo.<br>• Funda imibuzo nganye nganye.<br>• Ngababini, abafundi bayatshintshiselana ukuphendula. Abafundi bobabini banokuphendula imibuzo.<br>• Nika abafundi ixesha lokuphendula imibuzo.<br>• Jikelezisa ngelixa abafundi besebenza ngababini uze ukhethe abafundi abazakwabelana ngengxelo neklasi (abafundi abahlukeneyo bazakubonelela ingxelo). |
| **Iimpendulo ezicetyiswayo** |
| 1. Umfundi unika iimpendulo zakhe kumbuzo ngamnye.<br>2. Xa bekunye nomsebenzi, cela abafundi ukuba banike ingxelo malunga neempendulo. |
| **Uqukaniso nokwahlukana** |
| Ukuhamba-hamba eklasini kwaye uncedisa abafundi, apho kuyimfuneko. Khuthaza ilungu ngalinye lababini ukuze lithathe inxaxheba emsebenzini. |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 14 2025/09/30 10:09

| Izixhobo |
|---|
| Imifanekiso emalunga nabantwana okanye abantu ukubonisa ukuba sinokuba neempawu/iimpawu zobuso ezifanayo; |
| INcwadi yoMfundi iphepha lesi-5 |
| Incwadi yomsebenzi ye-DBE yoku-1, iphepha lesi-3; |
| Amakhadi oonotsheluza anamagama afanelekileyo kwisihloko |

## Ngaba ndohluke njani kubahlobo bam?

**INcwadi yoMfundi iphepha lesi-6**

- Buyela kwisifundo sangaphambili apho abafundi bajonge izinto ezifanayo ngabantu kwaye uchaze ukuba ngoku bazakujonga kumahluko.
- Bonisa abafundi imifanekiso malunga nabantwana kwaye ugxininise kwiyantlukwano yabo.
- Imifanekiso kufanele iquke amaqela entlanga nesini.
- Xoxa umahluko ngokwasemzimbeni.
- Xoxa ukuba nangona abantu/abantwana bekhangeleka ngokwahlukileyo ngokwase mzimbeni, banezinto ezifanayo zokuzonwabisa, nezinto abanomdla kuzo, njl.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 15 2025/09/30 10:09

## Ixesha lokuphonononga

**INcwadi yoMfundi iphepha lesi-6**

- Abafundi bajonga kumfanekiso okwiNcwadi yoMfundi kwiphepha lesi-8 kananjalo neNcwadi yoMsebenzi iRainbow DBE yoku-1, iphepha lesi-8 nelesi-9.
- Buza abafundi ukuba yintoni abayibonayo. Banike ixesha bacinge ngayo.
- Xoxani imibuzo. Funda umbuzo ngamnye ngokuvakalayo kwaye uvumele abafundi bayixoxe neqabane/umhlobo wabo.
- Babuze ukuba yintoni umahluko phakathi kwabo nabahlobo babo.
- Thatha ingxelo yemibuzo emithathu evela kumaqela
- Jikelezisa ngelixa abafundi bexoxa omnye nomnye.
- **Iimpendulo ezicetyiswayo**
- Omabini la makhwenkwe aneenwele ezimnyama, nolusu olumnyama, yaye omabini aneminyaka esixhenxe. (yamkela nayiphi na, okanye nayo nayiphi na impendulo efanelekileyo.)
- Enye intombazana inenwele ezimfutshane, inwele ezibomvu eziphotheneyo, kwaye enye intombazana inenwele eziblondi ezinde.
- Elinye iapile liluhlaza, kwaye elinye iapile libomvu.
- Hayi, inkwenkwe yeNdiya iyathanda ukudlala imidlalo kwaye inkwenkwe yeTshayina ithanda ukufunda.


amagama amatsha

Babonise imizekelo/imifanekiso ebonakalayo apho kufanelekileyo.

- **yahlukile** – xa into ingafani
- **idilesi** – indawo ohlala kuyo



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 16 2025/09/30 10:09



## Imidlalo

**Iikhowudi neRobotics**

Kwikhowudi neRobotics, abafundi kufuneka bafunde ukulandela ukulandelelana kwemiyalelo. Lo msebenzi unceda abafundi ukulandela imiyalelo enikiweyo. Cacisela abafundi ukuba kuthetha ukuthini 'ukuqhubela phambili', 'ukubuyela emva', 'ekhohlo' nase 'kunene' kwaye uze ubabonise ngezenzo.

Abafundi basebenza ngababini ze benze okulandelayo:

- Jongana neqabane lakho ze nenze intshukumo kunye.
- Yima ngqo kwaye ngobude, njengerobhothi.
- Phakamisela izandla zakho ngaphezulu kwentloko.
- Hambisa iingalo zakho ziye kubude bamagxa.
- Hambisa iingalo zakho ngasemva kumacala akho.
- Thatha inyathelo elinye uya phambili.
- Thatha inyathelo elinye ubuya umva.
- Thatha inyathelo elinye ukuya ekhohlo.
- Thatha inyathelo elinye ukuya ekunene.
- Shukumisa umzimba wakho wonke ngokungathi wenziwe ngejeli.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 17 2025/09/30 10:09

## Makhe sijonge

INcwadi yoMfundi iphepha lesi-7

- Olu hlolo lungekho sesikweni lugqityiwe ekupheleni kwesihloko.
- Jikelezisa ngelixa abafundi bagqibezela uhlolo.
- Ukuba umfundi akakwazi ukubhala phantsi iimpendulo, bonelela ngethuba lokuba iimpendulo zomlomo zinikwe.
- Ukuba umfundi akakwazi ukuphendula ezinye izikhokelo zemibuzo kwaye/ okanye abonelele kumfundi ngolwazi oluchanekileyo, olunjenge, minyaka yabo, umhla wokuzalwa (umhla nenyanga).
- Izixhobo: Bonelela abafundi ngethempleythi ukugqibezela. Abafundi bazakufuna iikhrayoni/imibala ukugqibezela imizobo yabo.

**Iimpendulo ezicetyiswayo**

1. Abafundi babhala igama nefani yabo.
2. Abafundi banika iminyaka ngamanani.
3. Abafundi babhala umhla wokuzalwa kwabo. (umnyaka awunyanzelekanga)
4. Abafundi babhala iidilesi zabo: inombolo yendlu nendlela.

(Idolophu ayinyanzelekanga. Ukuba umfundi uhlala kwibhloko yeeflethi, cela inombolo yeflethi kunye negama lesitrato.)

5. Impendulo yomfundi ngokwakhe. Bangabiza nokuba yeyiphi enye into abathandayo ukuyenza.
6. Abafundi bazoba umfanekiso wakho nowabahlobo babo.

### Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungekho sesikweni abafundi abasebenza ngokwabo

| Umfundi ukwazile uku: | ✓ | × |
|---|---|---|
| zoba ubuso obubini obahlukeneyo | | |
| quka iinwele ezinombala | | |
| quka imehlo elinombala | | |
| bhala iminyaka yakhe ngamanani. | | |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 18 2025/09/30 10:09

# Isihloko sesi-2 Esikolweni

| | |
|---|---|
| **Ummandla wokufunda** | **Esikolweni** |
| **Ixesha lokufundisa** | Iiyure ezi-4 |
| **Izixhobo ezicetyiswayo** | Incwadi yoMfundi; iimagazini; izikere; iglu; ipeni/iipensile; iNcwadi yoku-1 yeDBE Rainbow; oonotsheluza namagama odonga lwamagama. |
| **Iziphumo zokufunda** | Ekupheleni kwesi sihloko, abafundi kufuneka bakwazi uku:<br>• Xela igama lesikolo.<br>• Xela igama lotitshala wabo.<br>• Xela igama lenqununu.<br>• Fumana apho iindawo ezibalulekileyo ezijikeleze isikolo zikhoyo.<br>• Chonga ezi ndawo kwimaphu yomzobo.<br>• Mabazizobe benxibe iyunifomu yabo.<br>• Chaza umsebenzi wesiqhelo wabo esikolweni. |
| **Izakhono** | • Chonga<br>• Intlonipho<br>• Ukunyamezela<br>• Qwalasela imigaqo yesikolo neyeklasi |
| **Ulwazi** | Igama lesikolo, inqununu kunye notitshala<br>Wazi umsebenzi wesiqhelo esikolweni<br>Imigaqo kunye nokuziphatha |
| **Ixabiso** | • Qwalasela kwaye uchonge<br>• Hlonipha oontanga bakho nootitshala<br>• Unxibelelwano noontanga kunye nootitshala<br>• Buza imibuzo kunye nezisombululo<br>• Intlonipho<br>• Ukunyamezela<br>• Ukuqonda |
| **Uluvo** | Isimo sengqondo esikhuthazayo malunga nemeko yeklasi/isikolo |
| **Ulwazi olusisiseko** | Abafundi kufuneka baqonde ukuba kukho imigaqo neenkqubo esikolweni kuba bebese-pre-school. Abafundi kufanele bazi ukuziphatha ngendlela ethile kulindelekile kubo esikolweni. |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 20 2025/09/30 10:09

| | |
|---|---|
| **Imibuzo esebenzisa ukucinga ngengqiqo** | Lithini igama lesikolo sakho?<br>Ukweliphi ibanga?<br>Ngubani ohlala ecaleni kwakho eklasini?<br>Uya kuyifumana phi i-ofisi engaphambili?<br>Ingaba iofisi yenqununu ikufutshane kwiofisi engaphambili?<br>Ingaba kufuneka uhambe umgama ukuya kwibala lokudlala? |
| **Ukuhlanganisa** | Ulwimi lwasekhaya: Ukuphulaphula nokuthetha: Intetho elungisiweyo nengalungiswanga: Ukwabelana ngezimvo nangamava nokubonisa ukuqonda iingcamango<br>Imathematika: ukubala<br>Ikhowudi neRobotics: ukubala, isiqhelo – indlela izinto ezimiswe ngayo ngolandelelwano oluchanekileyo |
| **Indlela yokufundisa** | Ingxoxo, ukubonisa, umyalelo, ukubuza imibuzo, ukuhlola okungekho sesikweni |
| **Ukuhlola** | Sebenzisa uqwalaselo ukuhlola umfundi ngamnye ngexesha lokwenziwa kwemisebenzi. Ukuhlola kufuneka kungabikho sesikweni kwaye kuqhubeke. |
| **Irubrikhi** | Uhlolo okungekho sesikweni amaphepha esi-5 nele-10 |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 21 2025/09/30 10:09

## Masiqalise

### Ukuqalisa usuku lwethu esikolweni – INcwadi yoMfundi iphepha lesi-8

Cacisela abafundi ukuba baza kufunda ngesikolo sabo, imisebenzi yesiqhelo yabo kwaye nalapho bazifumana khona iindawo ezijikeleze isikolo.

- Buza abafundi ukuba babona ntoni na xa bengena esangweni lesikolo.
- Buza abafundi ukuba benza ntoni xa befika esikolweni.
- Emva kombuzo ngamnye, thatha iimpendulo kubafundi abohlukeneyo.
- Emva koko cela abafundi bajonge umfanekiso kwiphepha leNcwadi yoMfundi iphepha lesi-8.
- Bacele bajonge kwinto yonke eyenzeka emfanekisweni.
- Lumkela ukuba isikolo esikumfanekiso sisenokuba singakhangeleki njengesikolo sabafundi.
- Yiba novelwano kwimeko yomfundi.

Funda ngamnye wemibuzo ngokuvakalayo kwaye uthathe iimpendulo kubafundi abahlukeneyo.

1. Yintoni onokuyibona phambi kwe sakhiwo sesikolo? (Iimpendulo zizakwahluka.)
- Igama lesikolo – yiBay Primary
- Abantwana abafika esikolweni
- Abanye abantwana balinde abahlobo babo
- Abantwana kwimpahla yesikolo/iyunifomu (iyunifomu: igama elitsha emalibonakale kubafundi)

2. Benza ntoni abafundi xa befika esikolweni qho kusasa? (Iimpendulo zizakwahluka.)
- Oku kuzakukhangeleka kwahlukile kwisikolo ngasinye kwiinkqubo zesikolo. Umzekelo: abafundi baya kumagumbi lokufundela, bakhuphele iibhegi zabo, bafunde iincwadi, badlale kwibala lokudlala, njl. Quka ukuba abantwana baya kwigumbi labo lokufundela kwaye bakhuphele iibhegi zabo.
- Ukuba abantwana abaziqiki iinkqubo zesikolo, sebenzisa imibuzo ephandayo enjengale: Senze ntoni ngale ntsasa?
- Buza abafundi kwenzeka ntoni xa intsimbi ikhala.

3. Uya ngaliphi ixesha losuku esikolweni? (Iimpendulo zizakwahluka)
- Isikolo siqala kwangethuba kusasa.
- Abanye abantwana bafika kwangethuba kakhulu, kuba abazali babo babashiya besendleleni eya emsebenzini. Abanye abantwana banokufika emva kwexesha ngezizathu ezahlukeneyo (izithuthi zikawonkewonke, izithuthi, iingxaki zasekhaya).
- Buza ukuba nabani na uyalazi ixesha abashiywa ngalo esikolweni.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 22 2025/09/30 10:09

## Ixesha lokuphonononga

Yintoni oyithandayo ngesikolo sakho?
- Abafundi batsho into abayonwabelayo ngokuya esikolweni.
- Nika abafundi ixesha lokuba bacinge uze uthathe iimpendulo kwizibini ezahlukileyo.
- Phanda abo bafundi bangathandiyo ukuphendula, banokuxelela umhlobo wabo osecaleni kwabo.

## amagama amatsha

Isigama kufuneka sibonakale kubafundi.

Babonise imizekelo/imifanekiso ebonakalayo apho kufanelekileyo.
- **isikolo** – apho umntu ayakhona ukuze afunde
- **umfundi** – umntu ohamba isikolo
- **iyunifomu** – iimpahla ezikhethekileyo ezinxitywa esikolweni



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 23 2025/09/30 10:09

## **Umsebenzi woku-1** (INcwadi yoMfundi iphepha le-9)

**Zisebenzele ngokwakho.**

| **Isikhokelo somsebenzi** |
|---|
| • Cela bonke abafundi ukuba beme bajonge ngokujikeleze iklasi.<br>• Unxibe ntoni wonke umntu? Khuthaza ukusetyenziswa kwegama 'yunifomu'.<br>• Xoxa ngombala weyunifomu yesikolo.<br>• Cacisa ukuba bazakusebenza ngokwabo.<br>• Mabazizobe ngokwabo benxibe iuyinifomu yesikolo.<br>• Ngaphantsi komfanekiso, mababhale igama lesikolo sabo.<br>• Bonisa igama lesikolo konoobumba abangqindilili ebhodini. |
| **Iimpendulo ezicetyiswayo** |
| 1. Iimpendulo ziza kwahluka. Umbala weyunifomu kufanele uhambelane ngokusondeleyo.<br>2. Igama lesikolo sabo |
| **Uqukaniso nokwahlukana** |
| **Uqukaniso**<br>Hamba ngokujikeleza kwaye uqinisekise ukuba bonke abafundi bathetha malunga nento abayithandayo ngesikolo. Nceda abo bafuna isikhokelo ngakumbi.<br>Yiba novelwano kubafundi abanokuba nobunzima bokubona okanye abangakwaziyo ukwahlula imibala.<br>**Ukwahlukana**<br>Ezinye izikolo aziyinxibi iyunifomu, ngoko abo bafundi kufuneka bazizobe kwinto abaqhele ukuyinxiba esikolweni.<br>Lumkela abafundi abangenakuba nayo iyunifomu yesikolo epheleleyo. |
| **Izixhobo** |
| INcwadi yoMfundi, iiposta nemifanekiso, iikhrayoni/imibala;<br>Amakhadi oonotsheluza anamagama afanelekileyo kwisihloko |

## Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungekho sesikweni abafundi abasebenza ngokwabo

| **Umfundi ukwazile uku:** | ✓ | × |
|---|---|---|
| zizoba enxibe iyunifomu yesikolo/into abayinxibayo | | |
| bhala igama lesikolo sabo. | | |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 24 2025/09/30 10:09

## Ubugcisa bokwenza/ bokulinganisa

**Sebenzani ngamaqela.**
**Isikhokelo soMsebenzi**

- Abafundi bazakugqibezela njengaqela.
- Yiba novelwano kubafundi abanokuba neziphene ngokwasemzimbeni/izithintelo/ imida kwintshukumo.
- Lo msebenzi unokugqitywa ngaphakathi okanye ngaphandle kuxhomekeke kwisithuba.
- Enza imisebenzi yokuzifudumeza nokuzipholisa kunye nabafundi.

**Umsebenzi**

Abafundi bazakufudumeza amalungu omzimba ahlukeneyo.

- Cacisela abafundi umsebenzi kwaye ubabonise wenziwa njani. Sebenzisa abafundi abambalwa ukubonisa (abafundi abohlukileyo).
- Misela okulindelekileyo: Umzekelo, ukuvuthela impempe kanye kuthetha qala, ukuvuthela impempe kabini kuthetha yeka.
- Bonke abafundi mabeme benesithuba esaneleyo ngokubajikelezileyo, ubuncinane ubude bengalo usuka kumfundi olandelayo.
- Abafundi bakhomba kumalungu omzimba wabo: amadolo, amagxa, izihlahla, iingalo, imilenze, isifuba, umlomo nempumlo.
- Cela abafundi baphefumlele phezulu ngaphakathi nangaphandle; ngaphakathi ngempumlo ngaphandle ngomlomo. Kufanele bazive izifuba zabo zikhukhumala. Amagxa abo akumele ashukume.
- Abafundi bagoba amadolo abo ze bame nkqo. Kuphinde oku amaxesha ambalwa. Abafundi bahambisa izihlahla zabo ngendlela ejikelezayo, bajiwuziseka izandla ngaphambili nangasemva, jiwuzisa iingalo ngasekhohlo nangasekunene. Qaphela ngubani okwaziyo ukwahlula phakathi kwasekhohlo nasekunene, ngubani osokolayo ukulandela imiyalelo kwaye ngubani osokolayo nolungelelaniso.
- Abafundi bahlala phantsi kwaye babuye baphakame.
- Nje ukuba abafundi bakwazi ukwenza zonke iintshukumo, bavumele baphefumelele phezulu kancinci.
- Dlala ‘uSimon uthi’ kwaye uphinde zonke izenzo/iintshukumo.
- Pholisa nje wakugqiba.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 25 2025/09/30 10:09

## Igama lesikolo, utitshala kunye nenqununu

### Umsebenzi wesi-2 (INcwadi yoMfundi iphepha le-10)

**Sebenzani ngamaqela**

**Isikhokelo somsebenzi**

- Xa ufundisa esi sihloko sebenzisa i-scaffolding (ngokubonelela ngokuthe ngcembe inkxaso kubafundi kwaye ubavumele bafunde ngokuzimela) kuba abafundi bazakufunda amagama amatsha ekufuneka bewakhumbule kwibanga elilandelayo.
- Xoxa nabafundi yintoni abayibonayo kwiphepha le-10.
- Babuze ukuba bacinga kwenzeka ntoni kumfanekiso.
- Kukho iseti yamawele afanayo afika ngosuku lwawo lokuqala lwesikolo eBay Primary. Ngubani oxhawula isandla sikatata wawo?
- Fundela umxholo iklasi.
- Cacisa ukuba bazakuphendula imibuzo ngamaqela.
- Funda imibuzo ngokuvakalayo ubumnye ngexesha. Nika abafundi ixesha lokuba baxoxa. Jikelezisa ngelixa abafundi bexoxa iimpendulo.
- Thatha ingxelo kubafundi abahlukeneyo.
- Khuthaza abafundi abangathathi nxaxheba.

**Iimpendulo ezicetyiswayo**

1. UMnu. Mpho yinqununu yesikolo.
2. UNkszk. Brown ngutitshala wabo.
3. Inqununu igcina isikolo kwaye iqinisekise ukuba isikolo siqhutywa ngokufanelekileyo.

**Uqukaniso nokwahlukana**

**Uqukaniso**

Qinisekisa ukuba bonke abafundi banikwa ithuba lokuthatha inxaxheba kwingxoxo. , ngakumbi abafundi abaneentloni okanye abathatha ixesha ukucacisa ngokwabo.

**Ukwahlukana**

Khumbula ukuba kuzakubakho abafundi abahlukeneyo eklasini. Yamkela iyantlukwano phakathi kwabantwana ngokuvuma, ngokuhlonipha kwaye unyamezele ezo yantlukwano.

Sebenzisa uintanethi kunye/okanye iimagazini ukufumana imifanekiso yokwahlukahlukana ngaphakathi egumbini lokufundela.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 26 2025/09/30 10:09

| Izixhobo |
|---|
| INcwadi yoMfundi; |
| Cela inqununu yakho ukuba ityelele abantwana kwaye ichaze into abayenzayo ngemini yabo; |
| amakhadi oonotsheluza anamagama afanelekileyo kwisihloko; |
| Ayinyanzelisi: Iphepha lomsebenzi ekupheleni kwesihloko |

## Ixesha lokuphononongа

**Buza abafundi:**

- Ngubani igama le nqununu emfanekisweni okwiphepha le-10 leNcwadi yoMfundi?
- Ukuba bayalazi igama le nqununu, ngoko buza:
- Ngubani igama likatitshala wakho?
- Thatha iimpendulo kubafundi abohlukeneyo.

amagama amatsha

Isigama kufuneka sibonakale kubafundi

Babonise imizekelo/imifanekiso ebonakalayo apho kufanelekileyo

- **inqununu** – umntu ophethe isikolo
- **utitshala** – umntu okhethekileyo okunceda ukuba ufunde izinto ezintsha



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 27 2025/09/30 10:09

## Apho ufumana khona iindawo ezahlukileyo esikolweni

**INcwadi yoMfundi iphepha le-11**

Buza abafundi:

- Iphi iofisi?
- Ziphi izindlu zangasese?
- Thatha iimpendulo kwiqela labafundi abahlukahlukeneyo (ubuncinci iimpendulo ezimbini kumbuzo ngamnye).

| Isikhokelo somsebenzi |
|---|
| Xelela abafundi bajonga kumfanekiso kwiphepha le-11 kwiNcwadi yoMfundi.<br>Cacisa ukuba yimephu yengqondo.<br>Xoxa imephu yengqondo. Ibonisa iindawo ezahlukileyo ngokujikeleze isikolo. Sebenzisa umfanekiso kwaye ucele abafundi bakhombe kumalungu angezantsi.<br>• Idesika yangaphambili<br>• Iofisi yenqununu<br>• Amagumbi angasese<br>• Igumbi lokufundela<br>• Iholo<br>• Ibala lokudlala<br>Nxulumanisa ezi ndawo kwimimandla ejikeleze isikolo sakho.<br>Buza abafundi apho bazakufumana khona ezi ndawo kwisikolo sabo.<br>Fumana imvume yokuthatha abafundi ubajikelezise kwisikolo. |
| **Iimpendulo ezicetyiswayo** |
| Le yingxoxo, kwaye iimpendulo zizakwahluka ngokobume besikolo. |
| **Uqukaniso nokwahlukana** |
| **Uqukaniso**<br>Abanye abafundi bayasokola ukumelana kuba bekhubazeke ngokwasemizimbeni.<br>**Ukwahlukana**<br>Abafundi abanezithintelo kufuneka bazive bebandakanyiwe ngenxa yokwahluka kwabo.<br>Sebenzisa esi sifundo ukuthetha ngokwahlukahlukana ngaphakathi kwisikolo nendlela izikolo ezineendawo zezibonelelo ezahlukileyo. |
| **Izixhobo** |
| Incwadi yoMfundi;<br>Thatha abafundi kukhenketho olujikeleza isikolo;<br>Ukuba ikhona, bonisa imephu yengqondo kwibhodi emhlophe okanye iprojektha. |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 28 2025/09/30 10:09

## Ixesha lokuphonononga

**INcwadi yoMfundi iphepha le-12**

- Cacisela abafundi ukuba bazakuhambahamba esikolweni. Kufanele babale mangaphi amanyathelo abawathathayo ukufika kwindawo nganye.
- Iqela ngalinye, lanyula umntwana ozakukhumbula amanyathelo abaliweyo.
- Kumaqela abo, kufanele babale amanyathelo abo ngokuthethela phantsi.
- Funda umyalelo wokuqala, buyela eklasini kwaye ngoko unike umyalelo olandelayo.

1. Bala amanyathelo athathwayo ukuya kwiofisi yenqununu yakho.
   *Bakubuyela nje eklasini umfundi onyuliweyo unika ingxelo malunga ngamanyathelo abaliweyo.*
2. Bala amanyathelo ukuya egumbini langasese.
   *Bakubuyela nje eklasini umfundi onyuliweyo unika ingxelo malunga ngamanyathelo abaliweyo.*
3. Bhala amanyathelo phantsi.
   *Amaqela abhala phantsi mangaphi amanyathelo abawabalileyo ngalo ngalinye.*
4. Yiyiphi indawo enamanyathelo angakumbi: ukuya kwiofisi yenqununu okanye amanyathelo ukuya kwigumbi langasese?

*Abafundi banika ingxelo yomlomo ngemibuzo ngaminye* Ncedisa abafundi ekubaleni amanyathelo. Abafundi kuya kufuneka badibanise izakhono zabo zezibalo ukwenza lo msebenzi. Abafundi basenokuba abawabalanga kakuhle amanyathelo, kodwa kufuneka baqonde ukuba ikude okanye imfutshane kangakanani indawo nganye.

amagama amatsha

Isigama kufuneka sibonakale kubafundi

Babonise imizekelo/imifanekiso ebonakalayo apho kufanelekileyo

- **igumbi lokufundela** – igumbi esikolweni apho izifundo ziqhutyelwa khona
- **ibala lokudlala** – indawo yokudlala ngaphandle
- **imephu** – umfanekiso obonisa apho zikhoyo iindawo



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 29 2025/09/30 10:09

## imisebenzi yesiqhelo nemithetho yegumbi lokufundela

- Wenza ntoni xa uqala ukungena eklasini?
- Ngaba uqala udlale ngaphandle kuqala?
- Ngaba uqala utye isidlo sasemini sethu kuqala?
- Thatha iimpendulo usuka kubafundi abahlukahlukene ukuze wazi benza ntoni kuqala, okwesibini, okulandelayo, njl. Bavumele babumbe imisebenzi yesiqhelo yosuku. Baphande ukuze ufumane ulandelelwano oluchanekileyo.

### **Umsebenzi wesi-3** (INcwadi yoMfundi iphepha le-14 nele-15)

**Sebenzani ngababini.**

| Isikhokelo somsebenzi |
|---|
| • Chazela abafundi ukuba baza kusebenza namaqabane abo.<br>• Jonga kwimizekeliso kwiphepha le-14 kwiNcwadi yoMfundi. Babuze ukuba yintoni abayibonayo.<br>• Abafundi baxoxa namaqabane abo. Thatha iimpendulo usuka kwizibini ezimbalwa.<br>• Xoxa ngendlela eyohluke ngayo imisebenzi yesiqhelo kwimizekeliso ekwiphepha le-14.<br>• Abafundi banika inombolo umsebenzi ukuze babone wenzeke nini emini.<br>• Nika umzekelo (inombolo ye-10) ebhodini.<br>• Jikelezisa ngelixa abafundi begqibezela umsebenzi. Ncedisa abafundi abasokolayo. |
| **Iimpendulo ezicetyiswayo** |
| Ixesha lasekhaya -10 |
| Yenza umgca - 5 |
| Vula ukhuphe kwibhegi yam -1 |
| Ixesha lesidlo sasemini - 8 |
| Bulisa utitshala wam - 6 |
| Xhoma ibhegi yam - 2 |
| Intsimbi iyakhala - 4 |
| Ixesha lebala lokudlala - 3 |
| Umsebenzi weMat - 9 |
| Qalisa ukusebenza - 7 |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 30 2025/09/30 10:09

| Uqukaniso nokwahlukana |
|---|
| **Uqukaniso** |
| Beka abafundi abanolawulo olusulungekileyo ngakumbi lwemoto kunye nabafundi abafuna ukuziqhelanisa ngakumbi. |
| **Ukwahlukana** |
| Khumbula ukuba nebhokisi yezinto zokubhala zabafundi abangenazo izinto zabo zokubhala. Qinisekisa ukuba iklasi icwangciswe ngabafundi abahlukahlukeneyo kwaye nangabezini ezahlukileyo omnye ecaleni komnye. Kwakhona thathela ingqalelo ubuchule bokwenza obahlukileyo xa ubeka abafundi. |
| Thetha ngokwahlukahlukana ngaphakathi lungaphelana usuku lwesikolo. Ezinye izikolo zinemisebenzi yesiqhelo eyahlukileyo. |
| **Izixhobo** |
| INcwadi yoMfundi; Incwadi yomsebenzi ye-DBE, iphepha le-16 ne-17; iimagazini; isikere; iglu; iikhrayoni/ iipensile |
| Kungakhethwa, ukuba lo msebenzi ube kuhlobo lwephepha lomsebenzi abafundi abangalisika kwaye balincamathise kulandelelwano oluchanekileyo kwincwadi yomsebenzi yabo. |

## Irubrikhi yohlolo olungekho sesikweni: Hlola abafundi ngokungekho sesikweni besebenza ngezibini

| Umfundi ukwazile uku: | 🙂 | 😐 | 🤔 |
|---|---|---|---|
| Landelelanisa imisebenzi yesiqhelo | | | |

## Ixesha lokuphonononga

INcwadi yoMfundi iphepha le-14

Buza abafundi: Ngubani owaziyo yeyiphi imigaqo?

Sebenzisa imizekelo: khetha abafundi badlale indima, (imizekelo ingahluka kuxhomekeke kwimigaqo yeklasi yakho):

1. Cela abafundi bakhwaze, 'Titshala, titshala!', ngelixa omnye umntu ethetha.

Ngaba oku kunobubele kwaye kunembeko? Ngaba uvumelekile wenze oku eklasini?

2. Ngaba uvumelekile ukuphuma eklasini nanini na ufuna?
3. Ngaba unganyuka usehla ukuya kumgqomo uyokulola ipensile yakho?

Xoxa imigaqo yeklasi ekufanele ukuba abafundi bayayazi. Imigaqo yeklasi kumele ibonakale eklasini.

Buza kwaye uthathe ingxelo kubafundi abahlukahlukeneyo

1. Ingaba iklasi yakho inayo imigaqo?
2. Chaza **emibini** imigaqo yeklasi emiselwe ngutitshala wakho.

*Hlaziya imigaqo yeklasi. Bandakanya abafundi abaninzi kangangoko unakho ukunika ingxelo.*

*3. Vumela abafundi bongeze kwimigaqo yeklasi esele ikhona. Oku kuzakubavumela ukuba bathathe*

**amagama amatsha**

isigama kufuneka sibonakale kubafundi

babonise imizekelo/imifanekiso ebonakalayo apho kufanelekileyo

- **imithetho** - indlela abantu okanye umntu afanele ukuziphatha ngayo
- **isiqhelo** – ukwenza into ngendlela enye yonke imihla



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 32 2025/09/30 10:09

## Ezemithambo

**Sebenzani ngamaqela.**
**Isikhokelo soMsebenzi**

- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane kuxhomekeke kwinani labafundi.
- Yahlulahlula amaqela ngokwesini, uhlanga kunye nenkolo.
- Yiba novelwano kubafundi abanokuba neziphene ngokwasemzimbeni/izithintelo/imida kwintshukumo.
- Umsebenzi kufanele ugqityezelwe ngaphandle.
- Qokelela izixhobo: iiskittle, iintambo zokutsiba kunye netshokhwe. Misela imisebenzi kwizikhululo ezahlukeneyo. Pakisha iiskittle emgceni ubude bude bobeengalo ezimbini phakathi kweeskittle; beka intambo yokutsiba emhlabeni; krwela umgca othe ngqo emhlabeni ngetshokhwe.
- Sebenzisa impempe okanye isixhobo esifanayo ukwazisa abafundi xa kufuneka baqale kwaye bagqibe.
- Enza imisebenzi yokuzifudumeza nokuzipholisa kunye nabafundi.

**Umsebenzi**

Abafundi baya kulungelelanisa kumgca othe ngqo, kunye nentambo yokutsiba, unyawo olunye phambi kwelunye. Ukuhamba uye ngasemva nangaphambili ujikeleze iiskittle, uphepha iiskittle. Ukutsiba ngomlenze omnye, utshintshatshintsha imilenze; ukwahlula phakathi kwasekhohlo, ekunene, ngaphambili nangasemva.

- Cacisela abafundi umsebenzi kwaye unike imizekelo.
- Sebenzisa abafundi abambalwa ukubonisa (abafundi abohlukileyo).
- Misela okulindelekileyo: Umzekelo: ukuvuthela impempe kanye kuthetha qala, ukuvuthela impempe kabini kuthetha yeka.
- Ziqhelanise nabafundi bonke. Ngoko amaqela ahlukeneyo atshintshatshintsha phakathi kwezikhululo. Beka esweni inkqubela phambili yabafundi kwizikhululo ezahlukeneyo.
- Onke amaqela kufanele afumane ithuba kuzo zonke izikhululo.
- Ayinyanzelisi: Sebenzisa uluhlu lokuhlola ukuze uqokelele idatha.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 33 2025/09/30 10:09

## Ndiya njani esikolweni?

**INcwadi yoMfundi iphepha le-16 nele-17**

- Buza abafundi: Ngaba sonke thina siyahamba ukuya esikolweni? Ngaba sonke thina sikhwela izithuthuthu ukuya esikolweni?
- Ncamathelisa imifanekiso/bonisa imifanekiso yedijithali yemoto, abafundi abahambayo, iteksi, ibhasi kunye nebhayisekile.
- Buza abafundi ngendlela abaya ngayo esikolweni.
- Thatha iingxelo kubafundi abambalwa abohlukahlukeneyo.

### **Umsebenzi wesi-4** (INcwadi yoMfundi iphepha le-16)

**Sebenzani ngamaqela**

#### Isikhokelo somsebenzi

- Abafundi baxoxa ngendlela abaya ngayo esikolweni.
- Bala ukuba bangaphi abafundi: abaya ngeteksi, abaya ngemoto, abakhwela ibhayisekile ukuya esikolweni nabahamba ngeenyawo ukuya esikolweni.
- Bhala iitotali ebhodini ecaleni komfanekiso ofanelekileyo.
- Abafundi bajonga imizekeliso ekwiphepha le-16 baze baxoxe ngento abayibonayo.
- Fundela abafundi imibhalwana esezantsi kwemifanekiso.
- Buza imibuzo efana nale: Ufika njani uMeike esikolweni? Ufika njani uSipho noJames esikolweni?
- Qhubeka nokuxoxa ngemizekeliso ekwiphepha le-16 kwaye usebenzise amagama abafundi ukuze iklasi inxulumanise indlela yezothutho negama/amagama omfundi/abafundi.
- Thatha ingxelo kubafundi abahlukeneyo.
- Cacisa lo msebenzi kubafundi. Babhala iimpendulo kwincwadi yomsebenzi yabo.

#### Iimpendulo ezicetyiswayo

1. UHlonelwa noBuhle bafumana ilifti kwimoto katata wabo.
2. UAbdullah uya esikolweni ngebhasi.
3. USipho noJames bahamba ngenyawo ukuya esikolweni.
4. UMeike ukhwela ibhayisekile ukuya esikolweni.
5. UFrances, Josh noKaylee baya esikolweni ngeteksi.

#### Uqukaniso nokwahlukana

Qwalasela indlela abantwana abafika ngayo esikolweni. Khuthaza bonke abafundi ukuba bathathe inxaxheba kwingxoxo yokuqala. Abafundi mabangaze benziwe bazive bengakhululekanga ngokususela kwindlela yezothutho yabo. Hamba ujikeleze kwaye uncede abafundi xa bebhala iimpendulo zabo kwiincwadi zomsebenzi zabo.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 34 2025/09/30 10:09

| Izixhobo |
|---|
| INcwadi yoMfundi; izinto zokubhala kunye nencwadi yomsebenzi; iprojektha/ibhodi emhlophe okanye imifanekiso eprintiweyo yeendlela ezahlukeneyo zothutho; iNcwadi yomsebenzi yeDBE Rainbow yoku-1, iphepha le-18. |

## Ixesha lokuphononongo

Cela umfundi ngamnye eklasini axelele umhlobo wakhe indlela afika ngayo esikolweni.

Yalela abafundi ukuba bamamele ngononophelo kwimpendulo enikwa liqabane labo.

1. Ufika njani esikolweni?
   *Cela iqabane ngalinye litsho ufika njani umhlobo wabo esikolweni.*
2. Zeziphi ezinye iindlela abafundi abangazisebenzisa ukufika esikolweni?
   *Ngokusekelwe kwiimpendulo, buza abafundi ukuba ngaba kukho nabani na oze esikolweni esebenzisa esithuthi esahlukileyo esingekho ebhodini (khangela imifanekiso esebhodini: ibhayisekile, imoto, ibhasi, imoto, ukuhamba ngeenyawo). Impendulo elindelekileyo yitreyini.*



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 35 2025/09/30 10:09

## Makhe sijonge

INcwadi yoMfundi iphepha lesi-17

- Olu hlolo lungekho sesikweni lugqityiwe ekupheleni kwesihloko.
- Jikelezisa ngelixa abafundi bagqibezela uhlolo.
- Ukuba umfundi akakwazi ukubhala phantsi iimpendulo, bonelela ngethuba lokuba iimpendulo zomlomo zinikwe.

**Imibuzo neempendulo zohlolo olusesikweni**
**Zisebenzele ngokwakho.**

Gqibezela izivakalisi.

1. Iimpendulo zizakwahluka – igama lesikolo
2. Iimpendulo zizakwahluka – igama lenqununu
3. Iimpendulo zizakwahluka – igama likatitshala
4. Iimpendulo zizakwahluka – ibhasi, imoto, iteksi, uhamba ngenyawo, ibhayisekile, itreyini

Phendula Ewe okanye Hayi.
1. Iimpendulo ziza kwahluka
2.Ndingayifumana eyam indlela eya esikolweni.
3.Ndiyalazi apho likhoyo ibala lokudlala.
4.Iofisi yenqununu ikude usuka kwigumbi lokufundela lam.
5.Ingaba amagumbi angasese akufutshane kwigumbi lokufundela lam?

**Imemorandum ukuze uhlole – Uhlolo olungekho sesikweni**

| Imemo | Amanqaku |
|---|---|
| Igama lesikolo | 1 |
| Igama lenqununu | 1 |
| Igama likatitshala | 1 |
| Isithuthi esisetyenziswa ukufika esikolweni | 1 |
| Phendula imibuzo ewe/hayi | 1 |
| **Itotali** | **/5** |

## Iingoma

- Cula ingoma Iinkawu ezincinci ezintlanu usebenzisa intshukumo: khangela kwiNcwadi yomsebenzi yeDBE Rainbow yoku-1 iphepha le-10.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 36 2025/09/30 10:09

# Isihloko sesi-3
# Iindlela zokuphila ezisempilweni

| | |
|---|---|
| **Ummandla wokufunda** | **Iindlela zokuphila ezisempilweni** |
| **Ixesha lokufundisa** | Iiyure ezi-4 |
| **Izixhobo ezicetyiswayo** | 1. Incwadi yoMfundi; iimagazini; izikere; iglu; ipeni/iipensile; iNcwadi yomsebenzi yoku-1 ye-DBE Rainbow; iifleshkhadi; amagama odonga olunamagama. |
| **Iziphumo zokufunda** | Ekupheleni kwesi sihloko, abafundi kufuneka bakwazi uku:<br>• Khathalela imizimba yabo<br>• Bonisa ukuqonda kococeko olulungileyo<br>• Chonga iindlela zokuphila zokutya ezisempilweni<br>• Yila iindlela zokuphila ezilungileyo nezisempilweni. |
| **Izakhono** | • Chonga<br>• Intlonipho<br>• Ukukhathalela<br>• Thelekisa<br>• Qwalasela |
| **Ulwazi** | Inkqubo yempilo yesiqhelo ekhaya, kuquka ukuxukuxa amazinyo, ukugcina umzimba ucocekile, iindlela zokuphila zokutya ezisempilweni neendlela zokuphila zengqondo ezisempilweni. |
| **Ixabiso** | • Qwalasela kwaye uchonge<br>• Unxibelelwano<br>• Ukuzithemba ukubuza imibuzo nezisombululo<br>• Intlonipho<br>• Ukunyamezela<br>• Ukuqonda |
| **Uluvo** | Isimo sengqondo esifanelekileyo malunga nawe kunye nokuqonda ukubaluleka kweendlela zokuphila zokutya ezilungileyo nokugcina umzimba womntu ucocekile |
| **Ulwazi olusisiseko** | Abafundi bekufanele ukuba basifundile esi sihloko epreschool kunye neenkqubo ezilungileyo ezibethelelwe ekhaya. |
| **Imibuzo esebenzisa ukucinga ngengqiqo** | Kutheni kubalulekile ukutya nokusela ngokusempilweni?<br>Kutheni kubalulekile ukuba sixukuxe amazinyo ethu?<br>Kutheni kubalulekile ukuba udlale kwaye uzilolonge? |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 38 2025/09/30 10:09

| | |
|---|---|
| **Ukuhlanganisa** | Ulwimi lwasekhaya: Ukuphulaphula nokuthetha: Intetho elungisiweyo nengalungiswanga: Ukwabelana ngezimvo namava kunye nokubonisa ukuqonda ingcamango.<br>Ikhowudi neRobotics: isiqhelo – indlela izinto ezicwangciswe ngayo ngolandelelwano oluchanekileyo |
| **Indlela yokufundisa** | Ingxoxo, ukubonisa, umyalelo, ukubuza imibuzo, ukuhlola okungekho sesikweni |
| **Ukuhlola** | Sebenzisa uqwalaselo ukuhlola umfundi ngamnye ngexesha lokwenziwa kwemisebenzi. Ukuhlola kufuneka kungabikho sesikweni kwaye kuqhubeke. |
| **Irubrikhi** | Ukuhlola okungekho sesikweni iphepha lesi-7 |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 39 2025/09/30 10:09

## Masiqalise

### Iindlela zokuphila ezisempilweni – INcwadi yoMfundi iphepha le-18 nele-18

Cacisela abafundi ukuba baza kufunda ngendlela yokuphila esempilweni, equka ukugcina umzimba wakho ucocekile, ukutya ukutya okunempilo nokubaluleka kokwenza umthambo.

- Buza abafundi ukuba kuthetha ukuthini kubo ukuba sempilweni.
- Thatha iimpendulo kubafundi abohlukeneyo.
- Khangela kwiNcwadi yomsebenzi yeDBE Rainbow kwiphepha lama-20 ukuphonononga iindlela zokuphila ezongezelelweyo ezisempilweni nabafundi.

**Nceda uqaphele:** Xa uqhuba iingxoxo, soloko ubanovelwano kubafundi abaneemvelaphi nemeko zasekhaya ezahlukileyo.

- Xoxa ngemizekeliso kwiphepha le-19.
- Abafundi kufuneka bathathe imizuzu embalwa bajonge kumzekeliso kwaye baxoxe nabo babone ukuba kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye. Bandakanya abafundi abaninzi kwaye ukhethe iqela labafundi elahlukileyo ukuze liphendule.
- Ukuba kunokwenzeka, yiba nemizekelo engakumbi ebonisa indlela yokuphila esempilweni. Imizekelo ingayimifanekiso okanye iivido abantwana abazibukelayo. Xoxa into oyibonisa abafundi.
- Cacisa iindlela ezingohlulelwa ngayo iindlela zokuphila ezisempilweni kumaqela amane:
  - Yitya kwaye batye ukutya okusempilweni
  - Fumana ukulala okwaneleyo ngobusuku ngabunye
  - Zilolonga kwaye badlale
  - Gcina imizimba yethu icocekile.
- Utitshala angawabonisa amaqela kwibhodi. Xa abafundi bebeka imifanekiso kwiindlela zokuphila ezichanekileyo bangazibeka ebhodini.
- Cela abafundi babeke imifanekiso kwi'ndlela yokuphila'. Sebenzisa imizekeliso usuka kwiphepha le-19.

Iqela/indlela yokuphila echanekileyo:

Umzekeliso woku-1: ukutya ukutya okusempilweni

Umzekeliso wesi-2: ukusela ngokusempilweni

Umzekeliso wesi-3: ukugcina imizimba yethu icocekile

Umzekeliso wesi-4: ukugcina imizimba yethu icocekile

Umzekeliso wesi-5: ukufumana ukulala okwaneleyo ngobusuku ngabunye

Umzekeliso wesi-6: ukuzilolonga kwaye badlale

- Abafundi bayatshintshana ukubeka imifanekiso kwibhodi.



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 40 2025/09/30 10:09

## Umsebenzi woku-1 (INcwadi yoMfundi iphepha le-19)

**Sebenzani ngamaqela.**

| Isikhokelo somsebenzi |
|---|
| • Abafundi basebenza ngamaqela kwaye baxoxe ukufumana iimpendulo ezichanekileyo/ ezifanelekileyo.<br>• Amaqela kufanele aphathwe ngokwahlukeneyo. Umfundi ngamnye eqeleni kufanele afumane ithuba lokuthetha.<br>• Funda umbuzo ngamnye ngokuvakalayo.<br>• Iqela ngalinye kufuneka linike iklasi ingxelo emva kokuba amaqela egqibile.<br>• Xoxa iimpendulo zabafundi, umzekelo, cacisa ukuba yintoni imingxuma wezinyo. |
| **Iimpendulo ezicetyiswayo** |
| 1. Sixukuxa amazinyo ethu imihla yonke ukuwagcina ecocekile kwaye sikhusele imingxunya yenzinyo.<br>2. Iimpendulo zizakwahluka. umz. Siyashawarisha, sihlambe ebhafini okanye sizihlambe ngesepha kunye nelaphu lobuso. Sidlala ngaphandle imihla yonke. Siya ebhedini ngentsimbi yesi-8. |
| **Uqukaniso nokwahlukana** |
| **Uqukaniso**<br>Jikeleza eklasini kwaye umamele ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba. Khokela incoko ukuba kuyimfuneko.<br>**Ukwahlukana**<br>Balumkele abantwana abangakwaziyo ukufikelela kumanzi abalekayo okuhlamba yonke imihla okanye imiboniso. Khuthaza unyamezelwano, uvelwano nenkathalo koku. |
| **Izixhobo** |
| INcwadi yoMfundi; iipowsta nemifanekiso kukutya okusempilweni nakwindlela yokuphila esempilweni. |



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 41 2025/09/30 10:09

## Ixesha lokuphononongonga

**INcwadi yoMfundi iphepha le-19**

Ngaba uhamba uyokulala ngabani ixesha busuku ngabunye?

- Kutheni kubalulekile ukuba uhambe uyokulala kwangethuba?
- Qinisekisa ukuba bahamba ngabani ixesha abafundi uyokulala kwaye uxoxe

Xoxani:

- Kutheni kuyimfuneko ukuba uyokulala kwangethuba?
- Kwenzeka ntoni xa umntu ehleli kwade kwasebusuku kakhulu ze avuke kusasa kwangethuba?
- Thatha iimpendulo kubafundi abohlukeneyo.

**Kutheni ukulala kuyindlela yokuphila esempilweni?**

- Cacisa ukuba beve iimpendulo ezahlukileyo ezininzi.
- Thatha iimpendulo kubafundi abohlukeneyo.
- Khokela ingxelo ukuba kuyimfuneko

**Iimpendulo ezicetyiswayo**

Kusinceda sihlale sihlaziyekile, kunceda iingqondo nemizimba yethu iphumle, kuphucula amandla ethu, kunceda ukuba ufunde ngcono.

## amagama amatsha

Isigama kufuneka sibonakale kubafundi.

Babonise imizekelo/imifanekiso ebonakalayo apho kufanelekileyo.

- **umkhwa** – into oyenza imihla yonke
- **indlela yokuphila** – uphila njani



9781779835055_plt_lif_g01_tg_xho_za.indb 42 2025/09/30 10:09